



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

**IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2015/2016 - 2017/2018**

Amanqakwana:

1. Ukuchuleza ekufundeni nokutolika olu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe iWCED (*WCED Annual Performance Plan (APP)*) masifundwe nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule seMinyaka emiHlanu (*Five-year Strategic Plan (2015 – 2019)*).

Olu Xwebhu lwe-APP luqulunqwe ngokwethemphoyithi kaNondyabo kaZwelonke. Oku kuye kwatshintshwa kwakhona kwaba yithemphoyithi yecandelo lezemfundo.

Iimali ezabelwe imfundo zahlulwe ngokweeprogram eziyi-7. Iprogram nganye icaciswa zii-program ezisekelayo zikazwelonke. Ezi program zidweliswe ekuqaleni kwiprogram nganye.

KwiProgram 2 naku-4 iSebe litenxile kwistraktsha sebhajethi yecandelo (sector budget structure) kuba ezemidlalo zezikolo ziphantsi kweSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Cultural Affairs and Sport*).

IiTheyibhile zebhajethi ezimiselwe nguzwelonke (*Nationally-defined Statistical Tables (BTs)*) zifakwe iinombolo ngokweprogram echaphazelekayo. Itheyibhile nganye yeBT inesethi yezalathi-nkqubela ezibonisa imali. Kukho izalathi-nkqubela zikazwelonke ezibizwa ngokuba "YiMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram" (*PPM*) nezalathi zephondo ezibizwa ngokuba "ziZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram" (*PPI*)

Makuqatshelwe ukuba amanani ka-2014/15 kwiitheyibhile aluQikelelo oluHlenga-hlengisiweyo.

2. Iikopi eziguqulweyo:

Ikopi zolu xwebhu ngolwimi lwesi-Afrikansi nesiXhosa zifumaneka kwiziko lewebhu leWCED: <http://wced.school.za> kwiintsuku ezingama-30 zokwandlalwa kwalo.

PR Number: 67/2015

ISBN Number: 978-0-621-43442-2

Ukufumana iikopi zolu xwebhu, kucelwa uqhagamshelane nalo:

INtloko: Education,

Private Bag X9114,

Cape Town, 8000.

Ifoni: 021 467 2531

Ifeksi: 021 461 3694

Iimeyili:

media1.media1@westerncape.gov.za

Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka


- siqulunqwe ngabaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weMfundo weSebe leMfundo eNtshona Koloni ;
- silungiswe ngokungqinelana nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule seSebe leMfundo leNtshona Koloni esikhoyo ngoku ; yaye
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zentsebenzo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzama kangangoko ukufikelela kuzo ngokuxhomekeka kwimali efumanekayo kwibhajethi ka-2015/16.



Mnu Leon Ely
IGosa lezeMali eliyiNtloko




Nks Anne Schlebusch
IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso



Nks Penny Vinjevold
IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Sivunywe ngulo :



Nks D Schäfer
OneGunya loLawulo

Iziqulatho

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1.	Umbono	1
2.	Eyona njongo iphambili	1
3.	IiNjongo eziCwangciswa ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo	1
4.	Iimfundiso ezisisiseko	2
5.	Iimbulambethe eyenziwa nguMphathiswa	2
6.	Iintshayelelo liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali	3

ICandelo B: INkcazo yesiCwangciso soBuchule

	Iintshayelelo:-	
	IiParamitha zesiCwangciso ezoNgameleyo	
1.	INkqubo-sikhokelo yesiCwangciso soBuchule seThuba eliPhakathi	6
2.	IsiCwangciso <i>Schooling 2030</i> neeNjongo eziyi-27	7
3.	Imeko eziqhubeka kwiphondo	10
4.	Ucazululo lweMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo	12
	4.1 Imeko engqonge uKwenziwa kweNtsebenzo	12
	4.2 Imeko engqonge iSebe	20
	4.3 Uhlaziyo lweMithetho neZinye iziGunyaziso	23
5.	Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram	28
6.	Isishwankathelo seBhajethi ka-2015/16 noQikelelo lwe-MTEF	31
	6.1 UQikelelo lweNkcitho neTheyibhile zeBhajethi zamaCandelo	31

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1.	IProgram 1 : Ezolawulo	33
	1.1 Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	34
	1.2 Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	36
	1.3 IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	36
	1.4 IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	36
	1.5 Ukungqinelanisa iThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	37
	1.6 INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	38
2.	Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	41
	2.1 Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16 neNkcitho eyiLahleko	42
	2.2 Iinjongo zoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	46
	2.3 IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	46
	2.4 IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	47
	2.5 Ukungqinelanisa iThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	47
	2.6 INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	49

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

3.	Iprogram 3 : linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	50
3.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16 16 neNkcitho eyiLahleko	51
3.2	Iinjongo yoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	51
3.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	52
3.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	52
3.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	52
3.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	53
4.	Iprogram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente	54
4.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16 neeLahleko	56
4.2	Iinjongo yoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	57
4.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	58
4.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	58
4.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	58
4.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	59
5.	IProgram 5 : UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo uKufunda	60
5.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	61
5.2	Iinjongo yoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	61
5.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	62
5.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	62
5.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	62
5.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	63
6.	IProgram 6: UPuhliso lweZiseko (<i>Infrastructure Development</i>)	64
6.1	Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16 16 neNkcitho eyiLahleko	64
6.2	Iinjongo yoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	65
6.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	66
6.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	66
6.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	66
6.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	68

7.	Iprogram 7 : linkonzo zoViwo nezeMfundo eziNxulumene nazo	69
7.1	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2015/16 neNkcitho eyiLahleko	70
7.2	Injongo yoBuchule neeThagethi zaqho ngeKota	71
7.3	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zoNyaka zango-2015/16	71
7.4	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram neeThagethi zaQho ngeKota zango- 2015/16	71
7.5	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	72
7.6	INtsebenzo neMpawu zeNkcitho	72

ICandelo D: Ukunxibelelana nezinye iziCwangciso

8.	Ukunxibelelana nezicwangciso zeziseko zophuhliso zethuba elide, ezemisebenzi yokwakha neminye imisebenzi	73
9.	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	85
10.	Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (<i>Public entities</i>)	89
11.	Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala	89

Izihlomelo

1.	Isihlomelo A: Isicwangciso soMsebenzi (<i>Action Plan</i>) sika-2019	90
2.	Isihlomelo B: Iitheyibhile zeeNkcukacha-manani (<i>Statistical Tables</i>)	92
3.	Isihlomelo C : Izalathi-nkqubela ii- <i>Technical Indicators</i> zeeThagethi zaQho ngoNyaka zeeNjongo zoBuchule	94
4.	Isihlomelo D: IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram (ekaZwelonke)- Izalathi-nkqubela ii- <i>Technical Indicators</i>	102
5.	Isihlomelo E: Izalathi-nkqubela zeNtsebenzo yeProgram (EzePhondo)-ii- <i>Technical Indicators</i>	126
6.	Isihlomelo F: Izishunqulelo	133
7.	Isihlomelo G : I-oganogram	134

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1. Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelelwa kubahlali abahlelelekileyo

2. Eyona njongo iphambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo iphela
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa
- UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala
- Iprogram yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okunciphisa ubuhlwempu nawokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngezona meko zengqesho zisisiseko, izikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yempilo-qete yabaqeshwa

3. Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo zoKufunda

Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
INkcazo yeNjongo	Kuya kuphuculwa umgangatho kwindlela abaqhuba ngayo abafundi kwizifundo kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba : <ul style="list-style-type: none">- Abafundi beBakala 3 bapase ngereyithi engu-50% kuLwimi no-64% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwe nezilawulwa ngaphandle- Abafundi beBakala 6 bapase ngereyithi engu-48% kuLwimi no-40% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwe nezilawulwa ngaphandle- Abafundi beBakala 9 bapase ngereyithi engu-53% kuLwimi no-21% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwe nezilawulwa ngaphandle
Injongo 2 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukwandisa amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
INkcazo yeNjongo	Kuya kuphuculwa umgangatho wokuqhuba kwabafundi kwiimviwo zesatifikethi sematriki (NSC) ukwenzela ukuba : <ul style="list-style-type: none">- Inani labafundi abapase iNSC ngo2019 liya kuba ngu-41 000.- Ireyithi yokupasa ngo-2019 iya kuba ngu-86%.- Inani labafundi abaphumeleleyo nabanokungenela isidanga ngo-2019 liya akuba ngu-20 100.- Inani labafundi beBakala 12 abapasa iMathematics ngo-2019 liya kuba ngu-11 770.- Inani labafundi beBakala 12 abapasa iFizikhali Sayensi ngo-2019 liya kuba ngu-9 500.

Injongo 3 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelwa kubahlalali abahlelelekileyo
INkcazo yeNjongo	<p>ISEBE iWCED liya kutyala imali ukunika inkxaso izikolo ezihlelelekileyo ukwenzela ukuba :</p> <ul style="list-style-type: none"> - Kuhle inani lezikolo ezinereyithi yokupasa iBakala 12 engaphantsi ko-70% ukubay ekupheleni kuka-2019. - Ukuncitshiswa kwenani lezikolo eziqhuba kakubi kwamanye amabakala okunokulinganiselwa ngee-Annual National Assessment (ANA) kumaBakala 1 – 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9 (Makufundwe iNjongo 1 noProgram 7 kwiithagethi) - Ukuncitshiswa kwenani lezikolo eziziprayimari ezineziphumo ezikumgangatho ophantsi kwiimvavanyo zenkqubo yemfundo nakwireyithi yokupasa ngokubanzi kumabakala nangaphantsi ko-85% ukuya ku-30 ukuya ekupheleni kuka-2019. - Ireyithi yokugcinwa kwamanani abafundi (<i>retention rate</i>) (AmaBakala 10 -12) amanani ande ngo-68% ukuya ekupheleni kuka-2019. <p>Inani lokuhanjelwa kwezikolo ukuzinika inkxaso kuya kwahlukaniswa ukwenzela ukukumatanisa nenkxaso efunekayo.</p> <p>Ukubonelelwa ngeziseko zophuhliso inkxaso yezentlalo nenkxaso-mali kuya kutshintshwa kwenzela ukuba kugxininiswe kwezo zinto zilungiselela abafundi nezikolo ezihlelelekileyo.</p>

4. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oLuntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela, abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Ukukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

5. Imbulambethe eyenziwa nguMphathiswa

NgoNovemba 2009, uRhulumente weNtshona Koloni wakhupha isicwangciso sobuchule sezemfundo 2010 – 2019.

Eyona njongo yongameleyo yesi sicwangciso kukuphucula iziphumo zokufunda kweli phondo. Ngokukhethekileyo, ukugxininisa kwithuba lika-2010 ukuya ku-2019 kusekuphuculeni izakhono zokufunda, ezokubhala nezokubala zabafundi, ukwandisa inani labafundi ababhala nabapasa iBakala 12 nokuhlisa inani lezikolo eziqhuba kakubi.

Ukususela ngo-2009 kubekho ukuphucuka komgangatho okubonakalayo kwezi nkalo. Nakuba kunjalo, siyaqonda kakuhle ukuba ezi zinjongo zethuba elide yaye kunokufikelelwa kuzo ngokupheleleyo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo anokugcinakala najolise kwiinjongo ezithile.

Isicwangciso sigxininisa kwiinkalo eziyiprayorithi eziyi-10 eziphambili ezinjongo yazo ikukuphucula amathuba obomi abo bonke abafundi kweli phondo ngokubabonelela ngemfundo esemgangathweni. Uninzi lwala maphulo ongenelelo ngoncedo abandakanya iinjongo zethuba elifutshane esele zifzekisiwe, afana nokubonelelwa kwabo bonke

abafundi ngeencwadi zezifundo, ukwandisa ukuba nokuphendula ngokuqhubekayo nokudala iSebe iWCED eliphendula ngakumbi nangokuyimpumelelo.

Kule minyaka mihlanu izayo, siya kuqhubeka nokugcina onke la maphulo ongenelelo ngoncedo kwanokuba siqalise ezinye iiprojekthi namanye amaphulo ongenelelo ngoncedo anjengokwakha izikolo ezitsha nokutshintsha ezinye, ukuphucula iinkqubo zokuphuhlisa ootitshala bethu nokuqalisa unxibelelwano lwe-*broadband* ezikolweni.

Ndinomdla ngakumbi ekumiseleni iphulo i-*e-learning strategy* eliya kuqaliswa kulo nyaka-mali umiyo yaye ndinengqiniseko yokuba siya kuqinisekisa uthatho-nxaxheba lwabazali kwimfundo yabantwana babo nokuzithathela kubo izikolo zabo. Sinqwenela nokuqwalasela ngokunjalo iindlela zokomeleza umoya wokhuphiswano kwinkqubo yezemfundo ngenjongo yokukhawulezisa ukuphucula iziphumo zokufunda, kwakunye nokunika inkxaso abafundi abanezakhono, kwakunye nabo bafuna inkxaso eyongezelelweyo.

Lo nyaka uqaqambisa isiphelo sethuba leminyaka emihlanu yokuqala yesiCwangciso soBuchule yaye usinike ithuba lokujongisisa ukuba yintoni na esebenzayo yaye iyeyiphi na leyo ingasebenziyo kwanokucokisa izicwangciso namaphulo ongenelelo ngoncedo.

Ndijonge ngethemba ukusebenzisana nani ukuphucula ngakumbi umgangatho wezemfundo nobomi babantwana bethu nootitshala kweli phondo.

6. Intshayelelo liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Esi sicwangciso semfundo simisele iiprogram neepayorithi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zonyaka-mali 2015/16. Isicwangciso sixhaswa zizifundo namava eminyaka emihlanu nedatha ebonakalayo nenkxaso-mali esinayo. Kodwa isikhokelo esongameleyo sesi sicwangciso ngabantwana abasisigidi kwizikolo zethu. Siyakholwa ukuba esi sicwangciso, neepayorithi esikhethwe ngobulumko ziya komeleza imfundo yabantwana bethu namathuba abo obomi.

Sinolwazi kangangoko loxanduva lwethu kubantwana, ootitshala nakubazali bethu yaye siya kuzondelela ukuphumeza iiprogram ezimiselwe kwesi sicwangciso ngengqiqo nangobulumko.

Asinakusiphumeza esi sicwangciso ngokuyimpumelelo sisodwa yaye sinethamsanqa lokuba nobudlelane obuluqilima neentlanganiso ezicwangcisiweyo neemanyano zootitshala, amabhunga olawulo ezikolo nemibutho neeforam zeenqununu. Ezi ntlanganiso zarhoqo ziya kuxhasa yaye zikhokele uphunyezo oluyimpumelelo lwesi sicwangciso.

Ngesi sicwangciso sijonge ukunika inkxaso izikolo zethu nakwabo bangena kumasango ezikolo ngenkathalo nangemfesane. Yaye siya kubabeka abantwana beli phondo namathuba abo okufunda esizikithini sayo yonke into esiyenzayo.

PROVINCIAL PLANNING PARADIGM

One Cape 2040 (Economic Vision) Transition Goals: Primary change lever: Knowledge transition (*Educating Cape*)

Every person will have access to a good education that will ensure he or she is appropriately skilled for opportunity.

Working with parents and teachers to improve the learning and development environment of children

The Western Cape will enjoy a global reputation as a location of ecological, creative, scientific and social innovation excellence



OVERARCHING PLANNING PARAMETERS

National Development Plan

Schools: provide all learners with excellent education; address low levels of reading, writing and numeracy as measured on local and international tests; set targets for improvement over the next 10 years in grades 3, 6, 9 and 12 in South African tests; improve our position in international rankings and increase retention in schools to 90%.

All staff: competency standards for all educator jobs; have competency assessments for entry and promotion purposes and provide training programmes for all.

Teachers: Teachers should be highly valued; have good subject knowledge; receive continuing professional development and be highly motivated. The proposal is that appointment and promotion of teachers should be the responsibility of government.

Principals: There should be competency tests for all principal appointments. Expertise should be the only criterion for appointing principals.

Districts: The state must clarify the roles and responsibilities of district offices in order to provide targeted support through identifying the reasons for under-performance. Offices should then provide “best practice” interventions.

Parents: Parents are involved in the education of their children and are given meaningful information to strengthen this role.

Information: Information should be accessible and useful to plan and monitor progress.

Information Technology: High-speed broadband should be available to support learning. **Infrastructure:** Basic infrastructure should be in place for all schools and all backlogs should be addressed.

Language: Decisions about language provision in schools needs to be informed by a greater appreciation of the labour market. The proposal is for high quality instruction in both mother tongue and English from an early age.

Medium Term Strategic Framework (Practical implementation of NDP)

Improved quality of teaching and learning through development, supply and effective utilisation of **teachers**.

Improved quality of teaching and learning through provision of adequate quality **infrastructure and Learning and Teaching Support Materials (LTSM)**.

Tracking of **learner performance** through reporting and analysis of the Annual National Assessment (ANA) at Grade 3,6 and 9 level and improving ANA over time to ensure appropriate feedback to learners and teachers and to benchmark performance over time

Expanded access to **Early Childhood Development** and improvement of the quality of Grade R

Strengthening **accountability and improving management** at the school, community and district level.

Partnerships for education reform and improved quality

DBE

• *Action Plan to 2019* (27 goals)

• *Themes* (6)

• Focus on **quality and efficiency** of education

• **Communication** to communities

• Prioritised **teaching and learning**

• Strengthened **partnership** focuses

• Strengthened **inter-governmental** and interdepartmental mechanisms

• National Education Policy Act-monitoring and evaluation norms and standards, **impact evaluation**

• *Non-negotiables* (10): **LTSM; Infrastructure; Districts; Teachers; ICT; Kha ri Gude; Library Services; Rural (school rationalization and transport); Curriculum (focus on MST, Technology and African Languages; Partners and social mobilization**

Ngenxa yokuba esi isisiqalo sethuba leminyaka emi-5, eli candelo libandakanya inkcazo ngeqela lezicwangciso zobuchule nezophunyezo zikazwelonke nezephondo.

1. Inkqubo-sikhokelo yesiCwangciso soBuchule yeThuba eliPhakathi (MTSF)

Ngo-2012, iKhabinethi yamkela i-National Development Plan (NDP), emayisebenze njengoxwebhu oluyinqobo (*blueprint*) lophuhliso lwentlalo-qoqosho nokukhula koMzantsi Afrika engadlulanga u-2030. Ngokwamkelwa kombono wethuba elide nesicwangciso seli lizwe, kwaqaliswa indlela ekuya kujongwana ngayo nemingeni emithathu: intlupheko, ukungalingani nentswela-ngqesho.

Ikhabhinethi kazwelonke yamkele i-Medium Term Strategic Framework (MTSF) esisicwangciso sikarhulumente sokuphumeza i-National Development Plan. Esi sikhokelo seepryorithi eziphambili zikarhulumente nezicwangciso ekujoliswe kuzo yaye sisebenza njengesikhokelo esiyintloko ekucwangciseni nasekwabeni izibonelelo kuwo onke amacandelo karhulumente.

ISahluko sokuqala se-MTSF sivula ngokuthi: *“The NDP’s vision for 2030 is that South Africans should have access to training and education of the highest quality, characterised by significantly improved learning outcomes”*.

Iziphumo zeepryorithi zezemfundo zeMTSF zezi :

1. Ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ngokuphuhliswa, ukubonelelwa nokusetyenziswa kootitshala.
2. Ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ngokubonelela ngeziseko zophuhliso neLTSM ezaneleyo nezikumgangatho ophezulu.
3. Ukulandelela ukuqhuba kwabafundi ngokunika ingxelo nangokucaculula ii-Annual National Assessment (ANA) kumaBakala 3, 6 no-9 nokuphucula umgangatho wee-ANA ekuhambeni kwexesha ukuqinisekisa ngenkcazo ngokuqhubekayo efanelekileyo kubafundi nakootitshala nokulinganisela intsebenzo ekuhambeni kwamaxesha.
4. Ufikelelo olwandisiweyo kuPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (Early Childhood Development) nokuphucula umgangatho wemfundo yeBakala R.
5. Ukomeleza ukuba nokuphendula ngokuqhubekayo nokuphucula ulawulo lwezikolo ezikolweni, ekuhlaleni nakwisithili.
6. Amaqhmrhu entsebenziswano nezemfundo ukwenzela ukuphucula umgangatho wezemfundo.

Ezi pryorithi ziya kuqwalaselwa ngeenjongo nangamanyathelo athatyathwa liSebe iWCED. Ukugxininisa kwethu kule miba kuya kuba ngamandla njengoko iinkqubo nezalathi-nkqubela ziqala ukusebenza ngokwezigaba kwinqanaba lephondo nakwinqanaba likazwelonke, kwakunye nokuhlenga-hlengiswa kweebhujethi neemodeli njengoko kuyimfuneko.

Isiphumo ngasinye sineziphumo ezisekelayo, imisebenzi nezalathi-nkqubela ezinxulumene nazo nangona kungekabikho manani okwandlalela ngokumalunga noninzi lwazo. Loo imisebenzi iluxanduva lwephondo kwezo sele kukho amanyathelo esele siwathathile achazwe phantsi kwezihloko ezichaphazelekayo neethagethi sele zimiselwe ukwenzela izalathi-nkqubela ezinxulumene nazo.

2. IsiCwangciso Schooling 2030 neeNjongo eziyi-27

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika iSouth African education sector plan siqulethwe kwi-Action Plan 2019, towards Schooling 2025. Isicwangciso siqulethe iinjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zimalunga neziphumo zokufunda, yaye ezinye iinjongo eziyi-14 zimalunga nokuba kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda. Eli lithuba lesibini leminyaka emi-5 kusetyenziswa ezi njongo. Zonke zigciniwe ukuze kuqhutyekwe nezicwangciso.

Iinjongo eziyi-27 ziqhagamshelaniswe **nezalathi-nkqubela, nakwiithagethi nezigaba ezibalulekileyo** zazo. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathi-nkqubela zicaciswe gca yaye zinako ukulinganiselwa. lithagethi mazibe 'ziindidi' yaye kufuneka ziziphucule iziphumo zokufunda ngakumbi nangakumbi. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. lithagethi zikazwelonke sele zimiselwe ngokubanzi kwithuba elide yaye izigaba zigxininisa ngokubanzi kwiziphumo ezinqwenelekayo (*desired achievements*) kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu yethuba elizayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo zikazwelonke ukulungiselela iinjongo zentsebenzo 1-13. Akumiselwanga zigaba kwiinjongo 14 ukuya ku-27.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala kwiBakala 3.
- 2 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 6.
- 3 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 9.
- 4 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *i-mathematika*.
- 6 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *i-physical science*.
- 7 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwilwimi*.
- 8 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwimathematika*.
- 9 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 8 *kwimathematika*.
- 10 ►Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.
- 11 ►Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda esemgangathweni (*ECD*) abangaphantsi kweBakala 1.
- 12 ►Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukuqala kwiBakala 1- 9.
- 13 ►Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*FET*) ngaphaya kweBakala 9.

linjongo zokuba **kuya kufikelelwa** njani na kwiziphumo zokufunda ekuzezi:

- 14 ► Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutitshala.
- 15 ► Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklasi ezinamanani amakhulu.
- 16 ► Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (professionalism), izakhono zokufundisa (*teaching skills*) ulwazi ngezifundo (*subject knowledge*) nabanolwazi lokusebenzisa ikhompuyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.
- 17 ► Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala (*teacher workforce*) baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.
- 18 ► Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.
- 19 ► Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi ibubuncinane yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi (minimum set of textbooks and workbooks) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.
- 20 ► Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (range of media), kuqukwa neekhompuyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.
- 21 ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (annual management processes) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.
- 22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-e-Education strategy.
- 23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela enentsingiselo.
- 24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (physical infrastructure) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.
- 25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkono zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyenzentlalo (psychosocial support), ezemidlalo nezenkcubeko.
- 26 ► Ukwandisa inani lezikolo ezizwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (inclusive education policy) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkono zeengcali (*specialist services*).
- 27 ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-e-Education.

Ukongeza apho iSebe leMfundo esiSiseko lamkele le mixholo imiselweyo

1. Ukugxininisa ekuphuculweni komgangatho nempumelelo kwezemfundo
2. Ukunxibelelana nabahlali
3. Ukufundisa nokufunda okubekwe phambili (*prioritised*)
4. Indima eyomeleziweyo nengxamisekileyo yabo bonke abathathi-nxaxheba (amaqumrhu, ii-arhente zoqinisekiso lomgangatho, iimanyano, abazali, amahlakani)
5. Ukomeleza iindlela zokwenza zephondo nezikazwelonke, kubandakanywa amaphulo eentsebenziswano namasebe karhulumente naphakathi kwamacandelo esebe
6. UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (*NEPA*)–imimiselo nemigangatho yokubeka-esweni novavanyo, oku kubandakanya uvavanyo lweziphumo zovavanyo

Ezi zinto zihamba kunye nezi zinto zizinyanzelo (*non-negotiables*) zidweliswe liSebe leMfundo esiSiseko:

	I-ayithem	Imiba
1.	I-LTSM	Imimiselo nemigangatho, ukufunyanwa, iindleko
2.	Iziseko zophuhliso	Izixhobo; amanzi nogutyulo; ulondolozo, ifanitshala needesika
3.	Izithili	Inkxaso kwizikolo; uququzelelo kwizithili zephondo; Imimiselo nemigangatho yentsebenziswano, ubuchule, unxibelelwano, inkqubo yokubeka esweni ikharithyulam nophuhliso lootitshala
4.	Ootitshala	Ukufakwa kootitshala ezindaweni, ukusiwa kwezinye izithuba nophuhliso lootitshala
5.	ICT:	Abantwana kwiNkulungwane ye-21 st
6.	U-Kha ri Gude	Uphunyezo oluphuculweyo, uvavanyo, ukubeka esweni novavanyo
7.	IiNkonzo zeeLayibrari	Ziyinxalenye esesizikithini somsebenzi. Usuku lokugxininisa kuMadiba
8.	Amaphandle	Ukudityaniswa kwamaziko anamabakala amaninzi, amancinane, no (<i>Multigrade, small and micro mergers</i>) nezizathu ezixhasa oku. Ukuthuthwa kwabafundi ezikolweni
9.	Ikharityulam	I-Maths, iSayensi neThekhnoloji (<i>MST</i>) : Uthatho-nxaxheba nokuphucula ukuqhubela phambili. Iyunithi yeMST. Ezisalingwayo : Iyunithi yokufunda, izifundo zobugcisa, ukwandisa kweeLwimi zase-Afrika.
10.	Amahlakani nothatho-nxaxheba loluntu ekuphuculeni umgangatho wemfundo (<i>social mobilization</i>)	Impilo-qete yabafundi nokhuseleko


3. Imeko eqhubeka kwiphondo

Umbono i-**macroeconomic vision** kwezemfundo kwiphondo uqulethwe kolu xwebhu -One Cape 2040 document ucacisa uthi:

"The National Planning Commission has elegantly captured the central internal challenge facing South Africa and the Western Cape: We need to transform the nature and performance of the economy to simultaneously achieve sustained GDP growth, greater environmental resilience, and much better inclusion. A key driver of socio-economic exclusion lies in massive unemployment and job-shedding growth. This is largely structural, based on a combination of growth in non-productive sectors and on a deep mismatch between the needs of the economy and the skills-base of existing jobseekers and those being produced by the country's education system. This requires a fundamental shift away from the status quo by massively improving the quality of education for the majority, reducing inequality, unemployment and environmental degradation, while restoring hope, and dignity in work. The alternative, represented by a deepening of the status quo, presents a major threat to social cohesion – a morally indefensible and potentially volatile situation of increasing poverty, inequality and unemployment, socio-economic exclusion, violent crime, and a lack of opportunities and hope for those at the bottom of the socio-economic ladder".

Western Cape real GDP growth in 2011 was 3.6% (SA = 3.1%, Global = 3.8%). Over the last 10 years the average real growth rate for the Western Cape was 4.1% translating into a real economy expansion of almost 45%. Over the same period the workforce only grew by 16%. Over 546 000 people are unemployed in the Western Cape (narrow definition). Over two-thirds of these are between the ages of 15 and 35, and over half have not completed matric. There is a strong correlation between poverty, unemployment and low levels of education

Umbono wezemfundo kuxwebhu lwe-One Cape 2040 ucacisa oku kulandelayo:



Kwiminyaka emihlanu yethuba 2015- 2019 iphondo lamkele iNjongo zesiCwangciso soBuchule zePhondo ezi-5. Ekuzezi:

- INjongo yoBuchule 1: Ukudala amathuba okukhula koqoqosho nemisebenzi
- INjongo yoBuchule 2: Ukuphucula iziphumo zokufunda namathuba ukwenzela uphuhliso lolutsha
- INjongo yoBuchule 3: Ukwandisa impilo-qete, ukhuseleko nokuqubisana nezihlava zezentlalo

- INjongo yoBuchule 4: Ukwenzela kubekho indawo yokuhlala enako ukumelana neemeko, enokugcinakala, esemgangathweni nebandakanya wonke umntu.
- INjongo yoBuchule 5: Ukuzinzisa ulawulo olusemgangathweni nokwenziwa kweenkonzo ezihlangeneyo ngamaphulo obambiswano nokungqinelaniswa kweenkonzo ezenziwa lisebe

ISebe iWCED liya kuthatha inxaxheba yaye lifake igalelo kumaphulo obambiswano asebenzayo kunye namanye amasebe kuzo zonke ezi njongo, ngakumbi kwezo zichaphazela iinkonzo zethu ezifunelwa zona, nempilo-qete yabafundi.

- Kuko konke oku iSebe iWCED liya kusoloko linika inkxaso i-*Provincial Strategic Goal 5*: “Ukuzinzisa ulawulo olusemgangathweni nokwenziwa kweenkonzo ezihlangeneyo ngamaphulo obambiswano nokungqinelaniswa kweenkonzo ezenziwa liSebe neziphumo ezi-3 zoku:

Isiphumo 1 : Ulawulo olomeleziweyo;

Isiphumo 2 : Uluntu olubandakanaye bonke abantu

Isiphumo 3 : Ulawulo oluhlangeneyo

ISebe iWCED liya kuba liSebe elikhokelayo kule meko kwi-*Provincial Strategic Goal 2*

“Ukuphucula iziphumo zezemfundo namathuba ukwenzela uphuhliso lolutsha”

Inkcazo yenjongo :

Yonke imisebenzi yophando ibonisa ukuba **abantwana baseNtshona Koloni abafundi babhale yaye babale kumanqanaba afunekayo** ukwenzela imfundo eqhubekakayo nophuhliso. Ezi zakhono zisisiseko zimisela amathuba amahle exesha elizayo namathuba okuphila abo bonke abantwana.

Kukho **ukungangqinelani kumgangatho wemfundo ebonelelwa kubantwana baseNtshona Koloni yaye oku kwandiswa naziingxaki zentlalo noqoqosho ezithe tshitshilili**. Ezi ngxaki zimbini zimele ukuqwalaselwa ngokuqhubekakayo kwizikolo zethu nangenkqubo yokuthatha inxaxheba kwabahlali.

Iziphumo zoBuchule :

1. Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelwa kubahlalali abahlelekileyo
4. Ukubonelela amathuba ezentlalo nawoqoqosho kulutsha
5. Ukuphucula inkxaso yosapho kubantwana nakulutsha nokuququzelela uphuhliso lolutsha

Le Njongo yoBuchule iya kuphehlwa liSebe iWCED njengesebe elikhokelayo ngokudibene neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*) neSebe lezeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Culture and Sport*).

Zimbini kule njongo iinkqubo “zokutshintsha indlela yokwenza eqhelekileyo” (“*Game changers*”) eziqatshelweyo ne-“*Living Lab*” enye. Ezi nkqubo (zigxininisa inkalo efuna ukuqwalaselwa/inyathelo kwiinzuzo ezizezona zininzi eziya kuqondakala ekwenzeni umahluko kubomi babantu) zezi : 1. *E-learning* kunye 2. noPhuhliso lolutsha (*Youth Development*).

1. Kwimeko ye-*e-learning* iprojekthi sele ingene kwisigaba sophunyezo yaye kugxininiswa koku kulandelayo:

I-Wide Area Network (WAN) Project – yiprojekthi kaRhulumente wePhondo
The Local Area Network (LAN) Project – yiprojekthi yeSebe iWCED.
I-Computer Applications Technology, i-Information Technology and Engineering, Graphic and Design (CAT/IT/EGD) computer Refresh Project
I-Edulab computer Refresh Project ibonelela ngethekhnoloji ekhoyo nefanelekileyo ezikolweni ngokunika abafundi ufikelelo oluthe ngqo kwithekhnoloji kwi- <i>ICT suite environment</i> .
I-Smart Classroom Project ibonelela ngethekhnoloji ekhoyo ngefanelekileyo ezikolweni. Ithekhnoloji ngokuqhelekileyo iqulethe isixhobo <i>i-teacher computing device, i-teacher projection device, i-teacher interactive device ne-visualizer device</i> (ekwaziwa nje- <i>document camera</i>). Ithekhnoloji ubukhulu becala ayinaziingcingo (<i>wireless</i>) yaye kunokuhanjwa nayo naphi na (<i>pack-up-and-go mobility</i>).
I-e-Resources Catalogue Project yiprojekthi eyi-online digital content project.
I-Learning Management System (LMS) Project ibandakanya i-digital resources repository yaye ikwajonge ukubonelela ootitshala, abafundi nabazali ngezibonelelo ii-digital teaching and learning resources.

Konke oku kuya kuhamba kunye noqeqesho olufunekayo nenkxaso efunekayo.

2. I-transversal Youth Development project kungokunje iphantsi koqwalaselo. Igalelo leSebe iWCED liya kuba kwi-Mass Opportunity Development (MOD) Centres (R59,594m) ukunika uncedo kwiiprogram zophuhliso lwezikolo ii-after-school enrichment, ezemidlalo nezokufunda eziququzelelwa liSebe lezeNkcubeko noBugcisa nezeMidlalo (Department of Culture, Arts and Sport) ne-WCED Youth Development Programme (R37,645m) ezivumela abafundi abaphindayo okwesibini (second-time repeaters) kwiBakala 9 ukuba baye kwikhosi e-TVET College okanye e-AET Centre.
3. I-Living Lab yiprojekthi elingwayo yamaBakala R – 3 kwizikolo eziyi-100 ezineziphumo ezibi kwizifundo (*poor academic results*) ukomeleza ukufunda isiNgesi.

4. Ucazululo lweeMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo

4.1. Imeko engqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Amanani abemi eNtshona Koloni akhulile ukususela kubalo-bantu lwango-2001 yaye ayaqhubeka ukukhula. Ngokwengqikelelo yamanani abantu beli akhutshwe phakathi enyakeni ngo-2011 nguStatistics South Africa (StatsSA), iNtshona Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5 822 734 yezigidi abamele i-11 % yenani lilonke labemi boMzantsi Afrika. Inani labemi likhule ngo-by 28.7% phakathi ko-2001 no-2011.

Kubekho ukwanda kumanani abafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Icandelo	2011	2012	2013	2014	Umahluko
					2011 – 2014
IBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	50 495	58 953	59 565	63 492	12 997
AmaBakala 1-12 kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	921 776	934 992	947 046	963 441	41 665
Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa	18 878	19 470	19 627	18 702 ¹	-176

Owona mba mkhulu unokuphemelela zonke izicwangciso nokubonelelwa kwamaziko ngezithuba kwezemfundo ngamanani obhaliso abafundi. ISebe iWCED lisebenzise ngokwandileyo idatha yeGeneral Household Survey data nezinye iinkcazo zokuqhubekayo ukuncedisa kuqikelelo-manani. Ukufundisa nokufunda okuyimpumelelo kuxhomekeke kumlinganiselo ofanelekileyo katitshala nomfundi, iifasilithi neencwadi zezifundo ezisetyenziswayo kwezona ndawo zizezona zinemfuno emandla. Ukwanda kumanani obhaliso eminyaka yakutshanje kukhokelele kuxinzelelo olubonakalayo kwiindawo zokufundela nokwabiwa kwabasebenzi (*accommodation and staffing pressures*) kwiindawo zeedolophu ezinkulu nakwiSixeko saseKapa. Kwangaxeshanye kubekho ukuhla kwamanani kwezinye iindawo zephondo.

Unyaka	Gr 1	Gr 2	Gr 3	Gr 4	Gr 5	Gr 6	Gr 7	Gr 8	Gr 9	Gr 10	Gr 11	Gr 12	Itotali
2003	86 916	82 454	75 931	66 033	82 383	92 341	84 514	81 154	73 200	81 739	51 746	39 644	898 055
2004 ²	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	87 650	85 972	89 828	80 443	77 811	73 106	65 347	78 926	80 595	83 529	57 536	40 198	900 941
2007	92 818	82 562	83 914	89 973	78 674	78 021	72 733	66 406	80 697	86 495	61 938	42 624	916 855
2008	91 853	83 267	79 454	85 891	87 116	78 290	76 146	71 410	72 914	79 133	63 819	43 470	912 763
2009	93 601	82 158	80 385	83 150	82 382	85 621	76 262	75 227	79 795	68 405	60 812	45 692	913 490
2010	98 086	83 046	79 155	84 234	80 290	81 402	82 777	75 426	85 114	70 630	53 799	44 876	918 835
2011	100 423	85 216	79 489	83 490	80 205	79 022	78 207	81 312	84 957	73 470	56 995	38 990	921 776
2012	103 444	88 536	81 415	83 922	79 900	78 384	76 432	77 561	90 815	72 714	58 758	43 111	934 992
2013	104 678	93 506	85 762	85 599	79 210	78 437	76 238	75 528	87 132	78 812	56 109	46 035	947 046
2014	106 917	97 647	89 385	90 617	81 441	76 690	74 727	76 000	82 714	75 838	64 619	46 846	963 441


Umtombo weDatha : 2014 : Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)

¹ Ukuhla okubonakalayo kumanani obhaliso kubangelwe kukuhlelwa ngokutsha kwezikolo ezithathu zibe ziZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo


² Iipatheni zobhaliso zichatshazelwa lutshintsho kwinqanaba likazwelonke, kumgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi ngokobudala kwiBakala 1 ngo-2000, owavumela ukuba izikolo zibhalise kuphela abantwana abaminyaka isixhenxe kuphela kunyaka abamkelwa ngawo okokuqala ngqa. Ngenxa yoku, inani labathathwe kwiBakala 1 lathotywa kwiminyaka engaphambili. Emva koko imfuno yeminyaka yobudala yatshintshwa ngenxa yoko kwakhona kwaza ngo-2004 anyuka amanani kwakhona. Oku kuboniswa yile theyibhile.

Le theyibhile ingentla ibonisa ukwanda okufikelela kubafundi abayi-65 386 kumjikelo weminyaka eyi-12 (2003 – 2014). Itheyibhile ibonisa ukukhula okubonakalayo kumanani obhaliso kwiBakala 1 nefuthe lokugcinwa kwamanani abafundi okuphuculweyo phakathi kweBakala 10 neBakala 12.

Ukufudukela kwabantu kweli phondo kuhlala kusenza igalelo elibonakalayo kumanani obhaliso okubangela uxinzelelo kwindawo yokuhlala kwiindawo ezisakhulayo (*developing areas*).




Iitotali kumaBakala 1 no-9 zibonisa ukuba kukho amanani abafundi abaphinda la mabakala. Le yimiba ephantsi koqwalaselo namaphulo ongenelelo ngoncedo awodwa ukunciphisa iireyithi zokungapasi kwabafundi. Igrafu netheyibhile engezantsi zishwankathela inkqubela yakutshanje ngokumalunga noku.



Abantu abadala baseNtshona Koloni bagqibe iminyaka yokufunda engumndilili ka-9.9. Eli nani ligqithe kuphela eGauteng ngeminyaka eyi-10.5. Umndilili kazwelonke yiminyaka eyi- 9.3. Abo banematriki benza i-41.4% yabemi baseMzantsi Afrika.

Kukho iimpawu zokuphucuka komgangatho kulo mba njengoko oku kunokulandelelwa kwezi nkcukacha-manani zilandelayo.



Umgangatho wokufunda

Imfundo kwizikolo eziziiprayimari:


Umgangatho wemfundo kwiZikolo eziziiPrayimari ulandelelwa ngeprogram yovavanyo lwenkqubo yezemfundo kumaBakala 3, 6 no-9 kuLwimi nakwiMathematika eNtshona Koloni kule minyaka iyi-13 idlulileyo.

Ukususela ngo-2002 ukuya ku-2009, iSebe iWCED labhalisa iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka ekushiya ube mnye phakathi (*alternate years*) ukwenzela ukulandelela inkqubo yabo nokufumanisa ingxaki. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no-9 ukuqinisekisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwizikolo ngasinye kwiphondo. Eli ibilixesha lokuqala abafundi beBakala 9 bevavanywa kwiphulo lokulinga (*pilot exercise*) lokumisela uvavanyo lokwandlalela. Ngo-2011, iSebe iWCED landisa inqanaba lemingeni efuna ingqondo ezikisayo ukucinga kwiimvavanyo ngakumbi kwiimvavanyo zolwimi, ukwenzela ukubeka eyona milinganiselo isezantsi ingumzekelo kwiphondo. Ngokuthe ngqo, iitheksti ezinde noko nezintsonkothileyo ngokungaphezulu zabandakanywa kwezi mvavanyo ukwenzela ukuzenza ezi zihloko zovavanyo zibe nokuthelekiseka nezo zisetyenziswe kula manqanaba okulinganisela kazwelonke.

Iimvavanyo zibhalwa ngo-Oktobha kunyaka ngamnye yaye iziphumo zinikwa izikolo kwiveki yokuqala yekota yokuqala. Iziphumo zisetyenziswa zizikolo ukucwangcisa imisebenzi yokufunda yonyaka kwanokuqulunqa iziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (*School Improvement Plans*) zazo neethagethi zonyaka ochaphazelekayo. Ukongeza apho, iiziphumo zisetyenziswa zizithili ukucwangcisa inkxaso efanelekileyo kwizikolo.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2013						
IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
	kwiBakala 3		kwiBakala 6		kwiBakala 9	
	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi
Ababhalayo	85 623	85 610	72 214	72 198	71 345	71 266
Abapasayo	46 236	36 299	21 953	27 363	10 630	33 923
I-% Yabapasayo	54%	42.4%	30.4%	37.9%	14.9%	47.6%
Amanqaku angumyinge	52%	45%	41.4%	43.2%	28.7%	50.3%

Ukupasa ngamanqaku angu-50%. Amanqanaba eemvavanyo abonisa ukuphucuka komgangatho okungangxamanga kwimvavanyo zeMathematika kumaBakala 6 no- 9. Ukuhla kwiiReyithi zokuPasa kuLwimi (*Language Pass Rates*) ngo-2013 kubuyiselwe umva (*reversed*) ngokwanda kuka-5.4% kumaBakala 3 no- 8.4% kwiBakala 6.



Ngo-2014 ii-Annual National Assessments zabhalwa ngabafundi abayi-612 276 kumaBakala 1 – 6 no-9. Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-1 458, izikolo ezizimeleyo eziyi-83 nezikolo eziyi-17 zemfundo eneneemfuno ezizodwa eNtshona Koloni, zathatha inxaxheba kolu vavanyo lukazwelonke. Iincwadi zeempendulo zamakishwa ngootitshala ezikolweni zaza emva koko iisampuli zeencwadi ezintatthu ngesifundo ngasinye nangeklasi nganye kumaBakala 3, 6 no-9 ezivela kwisikolo ngasinye zaphindwa zamakishwa kwakhona ngootitshala ndaweninye kwisithili ngasinye njengomsebenzi wokumodareyitha wephondo.

ISebe iDBE latyumba i-arhente yangaphandle (*external evaluation agency*) ukunika ingxelo ngokuthembeka kwamanqaku ee-ANA. KwiSebe iWCED, ziyi-246 izikolo ezazikhethiwe njenge-*Verification ANA schools*. Iincwadi zeempendulo zabafundi eziyi-25 zenziwa iisampula kumaBakala 1 - 9, kubandakanywa amaBakala 7 no-8 kwizikolo ezikhethekileyo njengeko kumiselwe liSebe iDBE. Ezi ncwadi zeempendulo zamakishwa ngokuzimeleyo yaye amanqaku afakwa yi-arhente yovavanyo yangaphandle (*external evaluation agency*). Iziphumo zango-2014 (IPesenti eyi-avareji) ziboniswe kule theyibhile ingezantsi :

	WCED 2014 Ulwimi	Ulwimi lweeNkobe ngo-2014	WCED iMathematika 2014	KuZwelonke ngo- 2014 iMathematika
kwiBakala 1	68.4	63.2	71.9	68.4
kwiBakala 2	67.0	61.1	63.0	61.8
kwiBakala 3	57.9	56.2	60.5	55.5
kwiBakala 4	57.6	56.5	41.9	37.3
kwiBakala 5	58.5	57.1	45.2	37.3
kwiBakala 6	64.8	62.7	50.9	43.1
kwiBakala 9	49.5	48.3	13.0	10.8

ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate)

Unyaka ka-2014 yayingunyaka wesixhenxe weemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC). Kunyaka ekwabakho ngawo ukuhla kwireyithi yokupasa kazwelonke, engaphantsi nje ngo-3%, kwiSebe iWCED ngokufanayo ireyithi yokupasa yehla yaba ngu- 82.2% . Bekukho abaviwa abayi 39 237 abapasayo yaye kwelo nani bayi- 18 524 abapasayo nababanako ukungenela izifundo zeprogram yeSidanga sokuQala. Bayi-11 265 abafundi abapasa iMathematika ngereyithi yokupasa engu-73.9%. Kwi-Physical Science, ireyithi yokupasa ka-2014 yaba ngu-70.7%, Inani labapasayo ngu- 7 845.

Iziphumo ii-WCED Comparative NSC results 2009 - 2014						
Unyaka	Ababhalayo	Abapasayo	I-% yabapasayo	Abanoku-ngenela isiDanga sokuQala	I-% yabanoku-ngenela isiDanga sokuQala	Izikolo ezinereyithi yokupasa <60%
2009	44 931	34 017	75.7	14 324	31.9	85
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26
2013	47 636	40 558	85.1	19 477	40.9	23
2014	47 709	39 237	82.2	18 524	38.8	31

ISebe iWCED liya kuqhubeka nokugxininisa imfuno yokuqinisekisa ukwanda kumanani abafundi abachophela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. IziCwangciso zoPhuculo lweZithili (*District Improvement Plans*) zigxininisa koku yaye zimisela izicwangciso neenkqubo zophunyezo ezifanelekileyo.

Iprogram yokulungiswa komonakalo wangaphambili

ISebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lidlala indima yokuthibaza ifuthe lentlupheko nolwaphulo-mthetho ekufundeni ngezi ndlela zine zilandelayo :

1. 'Izikolo ezingabizi zifizi' nokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi kwizikolo ezibiza ifizi;
2. Ukubonelelwa ngokutya ezikolweni nge-National School Nutrition Programme (NSNP);
3. Izikim zothutho lwabafundi kunye
4. naManyathelo okhuseleko.

Inani labafundi abaya kuxhamla kwezi ndlela zenkxaso yezentlalo ngo-2014 ngaba balandelayo:

	2010	2011	2012	2013	2014
Abafundi abaxhamla kudidi lwezingabizi zifizi (NQ1-3) Nazo zibandakanyiwe : Iqela labafundi abongeziweyo (NQ4 and NQ5) ababebhengezwe njengabafundi abangahlawuli zifizi ngokuzithandela.	365 112	365 812	370 617	371 122	554 265
Abafundi abaxhamlayo ngokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi	New PPI	48 063	69 940	90 506	104 657
Abafundi abaxhamlayo kwiprogram yokutyisa abafundi (NQ 1-3) nabo bakhethiweyo be- NQ 4 no-5, ngokusekelwe kwiimfuno zabo.	415 829	426 707	427 576	438 437	454 855
Abafundi abasebenzisa iskim sothutho lwabafundi	48 786	50 992	50 526	49 944	52 065

Ezi program ziya kuqhubeka ngo-2015. Amanani abafundi abaxhamlayo kwizikolo ezikuManqanaba 1 – 3 eNtlupheko nakumanani ezicelo kwimeko yeendidi zezikim zokuthuthwa kwabafundi nokuxolelwa ukuhlawula iifizi. Iimali ezabiwa ngokweMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni zilinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abangathathi ntweni zabelwe imali engaphezulu.

Izixa “ngomfundi ngamnye” ezahlawulwa kwizikolo zikarhulumente kumaNqanaba 1, 2 no- 3 eNtlupheko zilinganisiwe ukususela ngo-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no- 3 zafumana eso sixa-mali sifanayo njengeyezikolo eziku- NQ 1.

Izabelo zeeThagethi zikaZwelonke			
	2013/14	2014/15	2015/16
INqanaba 1	R1 010	R1 059	R1 116
INqanaba 2	R1 010	R1 059	R1 116
INqanaba 3	R1 010	R1 059	R1 116
INqanaba 4*	R 550	R 830	R 882
INqanaba 5*	R 239	R 317	R 334
* <i>Iindleko ezingumndilili kuzo zonke izikolo</i>			

Iindleko zokulinganisa ezi zixa zamaNqanaba 2-3 eNtlupheko ngomfundi ngamnye yayiyi-R26m yezigidi ngo-2014/15.

Imeko yeefizi	Inani lilonke lezikolo
Ezingabizi zifizi	887
Izikolo ezibiza iifizi	570
Itotali iyonke	1 457

Omnye umba obalulekileyo wenkqubela ka-2014 kukwandiswa kweprogram yezikolo ezingabizi zifizi. Ziyi-216 izikolo, ezinabafundi abayi-172 541, ezikuManqanaba 4 no-5 eNtlupheko zasamkela isicelo zokuba zizikolo “eziNgabizi ziFizi”. Esi sicelo sasiwa nakwezo zikolo ezazibiza iifizi zesikolo ezingaphantsi ko-R400 ngonyaka.

Izikolo ezibiza iifizi zesikolo zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo apho abazali abaxolelweyp ekuhlawuleni iifizi, bangenako ukuhlawula iifizi. Ngo-2014, izigidi eziyi-R44 million sahlawulwa ukunika inkxaso abafundi abayi-104 657 kwizikolo eziyi-713.

I- *National School Nutrition Programme (NSNP)* inika abafundi abayi-454 855 ukutya okunesondla yonke imihla kwizikolo eziyi-1027 eziziiPrayimari neeSekondari neZikolo zeMfundo eneeMfuno ezizodwa ezithagethiweyo ngo-2014. Abafundi abaza kutyiswa bayi-564 kwizikolo eziziiPrayimari kumaNqanaba eNtlupheko 1 – 3; bayi-111 kumaNqanaba eNtlupheko 1 – 3 kwizikolo ezizisekondari; zibe yi-43 neZikolo zeMfundo eneeMfuno ezizodwa nabafundi abakhethwe kwizikolo eziyi-309 kumaNqanaba eNtlupheko 4-5 kwiZikolo eziziiPrayimari neziziiSekondari.

limenyu eziphekiweyo ziquka irayisi, umngqusho, i-soya mince, intlanzi ye-pilchards nemifuno. Ukutya okungaphekwayo kuquka isonka esinepinathibhatha nejem, iziselo ezinesondlo, iziqhamo ezifreshi nemifuno. Yi-200ml yobisi olunikwa abafundi kanye ngeveki. Ukususela kunyaka-mali ka-2013/2014 iNSNP yeSebe iWCED ibonelele ngesidlo sakusasa iintsuku ezintlanu ngeveki. Kuya kugxininiswa ngo-2015 ekwandiseni ixabiso lokuba nesondlo kokutya.

IProgram yeZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Programme*) inesicwangciso esintlantluntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: ukubonelelwa kwezikolo ngeenkqubo zokhuseleko (security mechanisms), iiprogram ezimalunga neendlela zokucinga nezeendlela zokuziphatha nezokunxibelelana nabachaphazelekayo abafanelekileyo. ISebe iWCED lineZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*), apho kunokuxelwa imiba ngemiba emalunga nobundlobongela obuqhubeka ezikolweni; ukunika iingcebiso ngokusebenzisa iZiko leeFoni kwabo bantu baxhelekileyo (*traumatised individuals*).

Iziko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo lifumana iifoni eziye kufikelela ku-20 000 ngonyaka. Imibuzo emininzi zizicelo zengcaciso emalunga nokuba zingasingathwa njani na izoyikiso ezithile, ingcaciso emalunga neHIV/AIDs, ukukhulelwa kolutsha olusafikisayo okanye iinkqubo zokuziphatha kakubi. Ezinye iifoni zimalunga nohlukunyezo (emzimbeni, ngokweemvakalelo, nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi). Iziko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo linika inkxaso ngokuqala lithomalalise umothuko kusetyenziswa ifoni, lize ibagqithisele abo bafuna uncedo kwiingcali ukufumana iingcebiso ngokunzulu, njengoko kuyimfuneko. Oku kuya kuqhubeka ngo-2015.

Inkxaso kukhuseko ibonelelwa kwizikolo ezitsha ezingamashumi amahlanu ngonyaka, ngokusekelwe kwiimfuno nakwiingozi zayo. Kubalulekile ukuba izikolo zigcinwe zikhuselekile ngokusetyenziswa kwamanyathelo okhuseleko (*physical safety measures*), ngentsebenziswano neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika naweMetro (South African Police Services neMetro Police), nokuzibandakanya kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente no-SAPS, baya kuqhubeka ngokwenza uhlobo olungacwangciswanga (*random inspections*) nokuvavanyelwa izinyobisi nezixhobo kwabafundi ezikolweni. Iiprogram esalingwayo apho amagosa ii-School Safety Resource Officers aqeqeshiweyo asiwa kwizikolo eziyi-6 ngo-2013, ngentsebenziswano no-Metro Police, kwabonisa iinzuzo yaye kwakhokelela kwimvumelwano yokuba kunikwe inkxaso izikolo eziyi-30 ngale ndlela ukunceda ekuboneleleni ngendawo engqonge izikolo ekhuselekileyo yokufundisa nokufunda.

Ngo-2015, iSebe iWCED liya kubonelela ngeenkqubo zokhuseleko kwizikolo eziyi-50 ezongezelelweyo. Siya kwandisa iiprogram zeholide nezaseemva kwexesha lokuhamba isikolo ngeeprogram zophuhliso zolutsha nokunika inkxaso iiKlabhu zoLutsha zeZikolo eZikhuselekileyo.

Iskim sothutho lwabafundi njengangoku, sibonelela ngezithuthi ezizibhasi ukuya nokubuya esikolweni kubafundi abayi-50 000, abakwiindawo ezisemaphandleni ubukhulu becala. Ukubekwa esweni okungqongqo kwale nkqubo kuyimfuneko ukuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi. Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngothutho lwabafundi abahlala kumgama oziikhilomitha ezi-5 nangaphezulu ukusuka kwesona sikolo sikufutshane sifanelekileyo. Ukukhula okuqhubekayo kumanani abafundi kuyaqhubeka ukuchaphazela iimfuno zabo. Kungokunje kukho iindlela eziyi-516, nezikwingingqi yasemaphandleni ubukhulu becala. Ngo-2015 kuya kugxininiswa ekungqiniseni iindlela namanani abafundi abafanele ukuxhamla ekuthuthweni nokumisela ukuba kungenziwa njani na ukulungiselela iimfuno zezothutho.

4.2. Imeko engqonge iSebe

ISebe iWCED linenjongo yokubonelela ngeenkono zokunika iimpindulo kwabenzelwa iinkono nezisebenzayo nokuphucula izicwangciso zokusebenza kweSebe neesistim. UNdlunkulu nee-ofisi zezithili ezisi-8 zeSebe iWCED, zenziwe ngohlobo lokuba zinike inkono ethi iphendule ngokukhawuleza kwiimfuno zoluntu nenika inkxaso ezikolweni nakootitshala.

Iziseko zophuhliso neemfuno zezibonelelo zesebe

Iimfuno eziziseko zophuhliso

Ukubonelelwa kwendawo yokusebenzela ezii-ofisi kwiSebe iWCED kungokunje kume ngoku hlobo lulandelayo:

UNdlunkulu	ISakhiwo esingundoqo sakwaNdlunkulu sise- <i>Grand Central Building</i> . Nakuba kunjalo, inani elikhulu labasebenzi nalo likwisakhiwo i- <i>SANLAM building</i> , e <i>Golden Acre</i> .	Zombini ezi zakhiwo ziyipropathi yengeniso. UNondyebo wePhondo uvume i- <i>Public Private Partnership</i> ukwakha ii-ofisi zakwaNdlunkulu zeSebe, kufutshane nezakhiwo zepalamente. Ii-ofisi ezintsha ziya kudibanisa abasebenzi bakwandlunkulu phantsi kophahla olunye ngethuba elifanelekileyo.
Ii-Ofisi zeZithili zeMfundo	Kukho ii-Ofisi zeZithili ezizibhozo : <ol style="list-style-type: none"> 1. Metro North (eParow) 2. Metro South (eMitchell's Plain) 3. Metro Central (eMaitland) 4. Metro East (eKuilsriver) 5. West Coast (ePaarl) 6. Cape Winelands (eWorcester) 7. Eden-Central Karoo (eGeorge) 8. Overberg (eCaledon) 	Isakhiwo esiseGeorge sesengqeshiso. ISebe iWCED liza kutshintshela e- <i>York Building</i> , eyiprophathi yephondo. Ukwakhiwa kwe-ofisi yesithili entsha se- <i>Metro South</i> sele kuqhubele kwisigaba esiphambili. I-ofisi entsha iya kwakhiwa e-Ottery. Ezi zicwangciso zethuba elide zokususa i-ofisi i- <i>Westcoast Office</i> ePaarl isiwe eMalmesbury, xa kunokuthi kubekho imali.
Iipoyinti ekwenziwa kuzo iinkono	Izikolo zikwenzelwa iinkono ziipoyinti ezithile (<i>service points</i>), ngakumbi kwizithili ezisemaphandleni. Kukho iipoyinti ezikwezi ndawo zilandelayo: <ol style="list-style-type: none"> 1. Fish Hoek. 2. Lentegeur (Mitchell's Plain) 3. Stellenbosch (eqeshiweyo) 4. Paarl. 5. Swellendam . 6. Knysna (eqeshiweyo) 7. Vredenburg (eqeshiweyo) 8. Vredendal 9. Riversdale (eqeshiweyo) 10. Robertson (Thusong Centre) 11. Mossel Bay 12. Oudtshoorn 13. Clanwilliam 14. Ceres 15. Malmesbury. 16. Piketberg (eqeshiweyo) 17. Ottery 	Injongo yepoyinti ekwenziwa kuzo iinkono kukuzisa iinkono kufutshane kwabenzelwa iinkono beSebe iWCED (abazali/izikolo/ootitshala).
Ezinye izakhiwo	Edulis – iinkono zelayibrari. Kwiindawo eziqeshiweyo eBellville Edumedia – eMowbray.	Ukwakhiwa kwesakhiwo esitsha se-Edulis kwikhampasi yase-CTLI kuqala ngo-2015/16.

limfuno zezibonelelo (Resource needs)

IZiko i-Centre for e-Innovation yeSebe leNkulumbuso lifuna izixhobo zekhompuyutha eziqhelekileyo (standard computer equipment) ezisetyenziswa ngamagosa eSebe iWCED zibe newaranti yaye oko kungqinelane nemigangatho yeziko i-corporate ICT standards, ukwenzela ukubonelela ngenkxaso efunekayo ye-ICT kwisebe. ISebe iWCED lenza umsebenzi wokuqinisekisa ukuba izixhobo ii-end user computer equipment ziyangqinelana nomgangatho weSebe i-WCG standard yaye ziyatshintshwa kumjikelo weminyaka emithathu ukungqinelana nomgaqo-nkqubo i-Resource Allocation policy. Ibhajethi yezigidi eziyi-R8.6m yabelwe ukutshintsha izixhobo i-standard corporate ICT equipment (computer desktops, notebooks and printers) kunyaka-mali ka-2015/16. Malunga nee-desktophu eziyi- 395, ii-notebooks eziyi-96 neeprinta eziyi- 356 eziya kutshintshwa ngo-2015.

Ukubonelwa kwemfundo ngokwezithuba zengqesho (Education Provisioning)

ISebe iWCED line-ofisi yomphathiswa wezemfundo, ephethwe nguMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kubandakanywa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo ezineemfundo ezizodwa, iikholeji zeFET, amaziko emfundo abantu abadala namaziko e-ECD.

Ezi theyibhile zingezantsi zibonisa inani labaqeshwa nezithuba zengqesho kwiSebe iWCED. Makuqatshelwe ukuba la manani ayatshintsha—tshintsha ngokuxhomekeke kwixesha lonyaka.

Ezengqesho nezithuba ngeProgram, nge-31 Disemba 2014							
Iqela labasebenzi	Iprogram	Inani lezithuba ezixhaswa ngezimali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba eziXhaswa ngemali	I-1% yereyithi yeZithuba	Inani labantu abongezelelekileyo kwiziko	Inani labaqeshwa lilonke
Bonke abasebenzi	Iprogram 1	952	46	857	10%	16	873
	Iprogram 2	33 352	108	33 342	0%	261	33 603
	Iprogram 4	2 973	8	2 780	6%	24	2 804
	Iprogram 5	1 331	153	887	32%	0	887
	Iprogram 6	12	0	8	33%	0	8
	Iprogram 7	15	0	168	0%	0	168
	Iprogram 8	0	0	14	0%	0	14
	Iprogram 9	1 303	40	1 190	9%	25	1 215
	Itotali	39 918	355	39 246	2%	326	39 572
Ooifishala	Iprogram 1	122	5	114	7%	8	122
	Iprogram 2	27 353	3	27 477	0%	136	27 613
	Iprogram 4	1 883	0	1 822	3%	13	1 835
	Iprogram 5	885	0	736	17%	0	736
	Iprogram 6	4	0	2	50%	0	2
	Iprogram 7	15	0	168	0%	0	168
	Iprogram 8	0	0	1	0%	0	1
	Iprogram 9	663	5	631	5%	16	647
	Itotali	30 925	13	30 951	0%	173	31 124

Ezengqesho nezithuba ngeProgram, nge-31 Disemba 2014							
Iqela labasebenzi	Iprogram	Inani lezithuba ezixhaswa ngezimali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani leZithuba eziXhaswa ngemali	I-1% yereyithi yeZithuba	Inani labantu abongezelelekileyo kwiziko	Inani labaqeshwa lilonke
ABasebenzi beNkonzo kaRhulumente	Iprogram 1	830	41	743	10%	8	751
	Iprogram 2	5 999	105	5 865	2%	125	5 990
	Iprogram 4	1 090	8	958	12%	11	969
	Iprogram 5	426	153	151	65%	0	151
	Iprogram 6	8	0	6	25%	0	6
	Iprogram 7	0	0	0	0%	0	0
	Iprogram 8	0	0	13	0%	0	13
	Iprogram 9	640	35	559	13%	9	568
	Itotali	9 081	342	8 295	8%	153	8 448

Ezengqesho nezithuba ngokwamaCandelo eMivuzo nge-31 Disemba 2014							
	Icandelo lomvuzo	Inani lezithuba ezixhaswa ngezimali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani leZithuba eziXhaswa ngemali	I-1% yereyithi yeZithuba	Number additional to the establishment (Excluding Pre-primary Personnel)	Inani labaqeshwa lilonke
Bonke abasebenzi	Abanezakhono ezisezantsi (SL 1-2)	3 345	204	3 211	4%	41	3 252
	Abanezakhono (AmaNqanaba loMvuzo [SL] 3-5)	4 144	85	3 733	10%	64	4 525
	Isiveliso sabanezakhono eziphezulu (SL 6-8)	28 256	43	28 554	0%	169	27 995
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza	4 123	23	3 701	10%	50	3 751
	Inkonzo yaBaphathi aBakhulu (SL 13-16)	50	0	47	6%	2	49
	Itotali	39 918	355	39 246	2%	326	39 572
Oofishana	Abanezakhono ezisezantsi	0	0	0	0%	0	0
	Abanezakhono (SL 3-5)	0	0	0	0%	0	728
	Isiveliso sabanezakhono eziphezulu (SL 6-8)	27 060	2	27 475	0%	128	26 875
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza (SL 9-12)	3 865	11	3 476	10%	45	3 521
	ABaphathi abaZizikhulu (SL 13-16)	0	0	0	0%	0	0
	Itotali	30 925	13	30 951	0%	173	31 124
ABasebenzi beNkonzo kaRhulumente	Abanezakhono ezisezantsi	3 345	204	3 211	4%	41	3 252
	Abanezakhono (SL 3-5)	4 144	85	3 733	10%	64	3 797
	Isiveliso sabanezakhono eziphezulu (SL 6-8)	1 196	41	1 079	10%	41	1 120
	Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza (SL 9-12)	258	12	225	13%	5	230
	ABaphathi abaZizikhulu 13-16)	50	0	47	6%	2	49
	Itotali	8 993	342	8 295	8%	153	8 448


I-loganogram iqhotyoshelwe njengesihlomelo F.

IiNkonzo ezibeyimpumelelo nemiqobo

Izikolo jikelele zenzelwa iinkonzo ngamagosa anobuchule neekomiti ezinamava zezithili. Uninzi lomsebenzi wawo uxhaswa yi-program yoKubeka esweni uPhuculo lweZikolo (*School Improvement Monitoring programme*) yaye ukwaxhaswa ngamacandelo achaphazelekayo akwaNdlunkulu awenza umsebenzi wokubonelela ngezibonelelo zeeklasi nenkxaso yekharithulam. ISaveyi i-*Customer Satisfaction Survey* yaqho ngonyaka ivuselela yaye ilandelele inkcazo ngokubeka ezikolweni ngeenkonzo zeSebe iWCED nayo yonke imigudu eyenziweyo ukuphendula ngazo naziphi iinkalo ezisilelayo eziqatshelweyo. ISebe i-WCED liyithathele ingqalelo kwakhona imodeli yokwenziwa kweenkonzo ukungqinelana neenkcazo zikazwekonke ezintsha ii-*national standard post descriptions* yaye iza kukhutshwa imodeli ehlaziyiweyo yenkxaso yezikolo kungekudala nokuba oko kuya kuyomeleza ngakumbi inkxaso.

linkcazo ngobume bezikolo ezenzelwa iinkonzo (*Spatial distribution*)

Iindawo izikolo ezikuzo ziboniswe apha ngezantsi



4.3. Uhlaziyo lweMithetho neZinye iziGunyaziso

UMthetho i-*Basic Education Laws Amendment Act, 2011 (Act 15 of 2011)*, waqalisa ukusebenza nge-19 Septemba 2011. Injongo yawo phakathi kwezinye izinto kukulungiselela imiba emalunga nokudalwa kweSebe leMfundo esiSiseko nemiba enxulumene noko, ukufakela izilungiso kuMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke, 1998 (uMthetho 76, ka-1998), kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996, (uMthetho 84 ka-1996) (*South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)*), uMthetho wezeNgqesho yooTitshala, 1998, (uMthetho 76 ka-1998), uMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000 (Act 31 of 2000) noMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundo noQeqesho ngokuBanzi, 2001 (uMthetho No. 58 of 2001). Lo Mthetho ukwabonelela iindidi ezininzi zezikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa, imisebenzi eyongezelelweyo yeenqununu zezikolo nangokuqeqeshwa kwamabhunga olawulo yimibutho yamabhunga olawulo eyaziwayo.

Nge-8 Januwari 2013, uMphathiswa weMfundo esiSiseko wapapasha iMimiselo *Regulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure*, kwiGazethi kaRhulumente No. 36062 ngenjongo yokuba kuvakaliswe izimvo ngayo luluntu. Le Mimiselo yapapashwa ngokweSiqendu 5A(1)(a) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), umhla we-15 Matshi 2013 yayingumhla wokuvala ukuvakalisa izimvo. Emva kopapasho lokuqala, imimiselo ehlaziyweyo *Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure* yapapashwa ngenjongo yokuba kuvakaliswe izimvo ngayo kwiGazethi No. 36837, yomhla we-12 Septemba 2013, nomhla wokuvala ukuveza izimvo oyi-11 Oktobha 2013. Kwakuba kuqwalaselwe iikhomenti nothethathethwano noMphathiswa wezeMali, uMphathiswa wezeMfundo esiSiseko, bamisela iMimiselo *Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure* njengoko ipapashiwe nge-29 Novemba 2013 kwiGazethi kaRhulumente No. 37081.

ISebe leMfundo esiSiseko lifakele izilungiso kwiMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali kaZwelonke (*National Norms and Standards for School Funding*) ukususela nge-1 Apreli 2011. Izilungiso ziphethe umxholo wokubonelelwa ngemali enokusetyenziswa (operational funds) kwizikolo ezingabizi zifizi kunye nembuyiselo yokuxolelwa ekuhlawulweni iifizi (compensation for fee exemptions) kwizikolo ezibiza iifizi (Paragraph 170A). Esi silungiso samva sivumela iiMvavanyo ii-*Annual National Assessments* kumaBakala 3 no-6 kwizikolo zikarhulumente, ukuba zisetyenziswe ngengomlinganiselo wokujonga inkqubo yabafundi kwezo zikolo zizimeleyo zikufaneleyo ukufumana inkxaso-mali.

IMimiselo Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of Assessment for the National Senior Certificate, kwiGazethi No. 37651, yowe-16 Meyi 2014. Le mimiselo imalunga nokuqhutywa, ukulawulwa nokuphathwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) yaye isebenza kuwo onke amaqumrhu ovavanyo awenza umsebenzi wokuqhuba nokulawula iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

INkcazo yeKharithulam kaZwelonke yamaBakala R-12 (*National Curriculum Statement Grade R -12*), iqulethe (a) *Curriculum and Assessment Policy Statements* yazo zonke izifundo ezivunyiweyo, (b) *i-National Policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grade R - 12*, kunye ne-(c) *the National Protocol for Assessment Grades R - 12. I- Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)*, icacisa kwisifundo ngasinye, ixesha lokufundisa, ikhontenti, izakhono, i-LTSM eziyimfuneko nomlinganiselo wobungakanani bamanqaku ovavanyo (*assessment weightings*) nemigqaliselo kuxwebhu olunye. I-CAPS yaphunyezwa kwiSigaba seSiseko nakwiBakala 10 ngo-2012, yaye iya kuphunyezwa kwiSigaba esiPhakathi nakwiBakala 11 ngo-2013, nakwiSigaba saBadala nakwiBakala 12 ngo-2014.

Nge-19 Novemba 2014 iSebe leMfundo esiSiseko lapapasha isicelo samaxwebhu abhaliweyo (*written submissions*) amaqumrhu achaphazelekayo (*stakeholder bodies*) namalumngu oluntu, sokuhlaziywa koxwebhu lomgaqo-nkqubo i- *National Policy Pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R – 12* kwiGazethi kaRhulumente No. 38226, ngenjongo yokuhlaziya la maxwebhu omgaqo-nkqubo olandelayo : (a) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*, olwapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 1115 no-1116 kwiGazethi kaRhulumente No. 36042, yomhla we-28 Disemba 2012 (Schedule 1); kunye ne-(b) *National Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination* (Schedule 2).

Ngokufanayo isicelo samaxwebhu abhaliweyo (*written submissions*) amaqumrhu achaphazelekayo (*stakeholder bodies*) namalumngu oluntu malunga neMimiselo i-Draft Amendment Regulations pertaining to the National Curriculum Statement Grades R-12, sapapashwa liSebe leMfundo esiSiseko kwiGazethi kaRhulumente No. 38225, yomhla we-19 Novemba 2014 ngenjongo yokuhlaziy: (a) IMimiselo Regulations pertaining to the National Curriculum Statement Grades R-12, yayapapashwa njengeSaziso sikaRhulumente 1114 kwiGazethi kaRhulumente No. 36041, yomhla we-28 Disemba 2012 (Schedule 1); kunye ne-(b) National Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination (Schedule 2).

Nge-1 ka-Apreli 2010, kwaqala ukusebenza ezinye izilungiso ezenziwe kwi-Children's Act (Act No. 38 of 2005). NgokweSiqendu 196 (3) se-Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005), izikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundo lephondo njengangoku, ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo yoLuntu (*Department of Social Development*), emva kweminyaka emibini siqalile ukusebenza isahluko esichaphazelekayo kulo Mthetho. Ngenxa yesigqibo seNkundla yoMgaqo-siseko ngokubhekiselele kumba we-Teddy Bear Clinic for Abused Children and Another v Minister of Justice and Constitutional Development and Another, CCT 12/13, phakathi kwezinye izinto, uMthetho oYilwayo Judicial Matters Amendment Bill wandlalwe ePalamente, yaye ufuna phakathi kwezinye izinto, ukufakela izilungiso, kwiMithetho i-Children's Act, 2005, i-Child Justice Act, 2008, i-Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007, kubandandakanywa noMthetho oKhuthaza uKufikelela kwiiNgcaciso (Promotion of Access to Information Act), 2000. Ezi zicatshulwa kugxininiswa kuzo apha zezilungiso ezicetywayo zifaneleke ngakumbi kwezemfundo njengoko zijongene phakathi kwezinye izinto, neziqendu ezithathwa yiNkundla yoMgaqo-siseko njengezinyasha amalungelo abantwana omgaqo-siseko ngaphandle kwezizathu, iRejista i-National Register for Sex Offenders nokucinywa kwerekhodi zamatyala (*expungement of records*), nethuba lexesha elivumelekileyo lokufikelela kwingcaciso ngokoMthetho wokuKhuthaza uKwazi ukuFikelela kwiNgcaciso, 2000 (*Public Access to Information Act (PAIA)*)

Amaphulo ongenelelo ngoncedo omthetho amatsha ephondo

IMimiselo eyiDrafti engokuXelwa kweNxaxheba esiSabelo soMntu yaMalungu amaBhunga oLawulo ekuThengweni kweEmpahla neeNkonzo zeZikolo zikaRhulumente (*Draft Regulations relating to the Declaration of Personal Interest of Members of Governing Bodies in the Procurement of Goods and Services for Schools*, ngokweSiqendu 63(1)(cD) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni (Western Cape Provincial School Education Act), 1997, yapapashelwa ukuba uluntu luvakalise izimvo kwiGazethi kaRhulumente Extraordinary No. 7179, yomhla we-18 Novemba 2013, yaza yasiwa ezikolweni ngeSetyhula No. 0052/2013 ukwenzela ukuphunyezwa kwawo ngo-2014. Le Mimiselo yenzelwe ukumisela inkqubo kumalungu ebhunga lolawulo yokuxelwa kwenxaxheba esisabelo somntu xa kusingethwe imibandela emalunga nokuthengwa kweempahla neenkonzo zezikolo, ukuze ngokwenjenjalo kulawulwe ukungqubana kweemfuno phakathi kwelungu nesikolo.

IMimiselo eyiDrafti yamaGosa ajongene noKuhamba iSikolo kwaBafundi (*Draft Regulations on the Duties of Attendance Officers*), yapapashwa kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No 7176, nge27 Septemba 2013 ukuba uluntu luvakalise izimvo. Izimvo ezifunyenweyo zithathelwe ingqalelo yaye iMimiselo yokugqibela ii-Regulations on the Duties of School Attendance Officers ipapashwe kwiGazethi yePhondo Provincial Gazette Extraordinary Number Extraordinary Number 7205, nge-2 Disemba 2013. Le Mimiselo imisela imisebenzi yamagosa okuhamba isikolo kwabafundi; ichaza izizathu ezivakalayo zokungabikho esikolweni yaye inika iinkcukacha malunga nesaziso esibhaliweyo esiya kubazali ukwenzela ukujongana

nomba wokuhanjwa kwesikolo ngabafundi okunyanzelekileyo kubafundi abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo nokungathotyelwa kwemigaqo ngabazali abachaphazelekayo. Zazazisiwe ngale Mimiselo iZikolo zikaRhulumente ngeSetyhula No. 0002 ka-2014.

IMimiselo ephathelele kuLuleko, ukuNqumamisa nokuGxotha abafundi kwiZikolo zikaRhulumente eNtshona Koloni, (*Regulations relating to Disciplining, Suspension and Expulsion of Learners at Public Schools*), eyabhengezwa kwiGazethi yePhondo i-Provincial Gazette Extraordinary No. 6932, nge-15 Disemba 2011 neqale ukusebenza ukususela nge-1 Apreli 2012. Kufuneka izikolo zingqinelanise iMigaqo yoKuziphatha kwabafundi yazo nale Mimiselo yaye zilandele imigangatho ii-substantive and procedural standards emiselwe kule Mimiselo malunga nemibandela engokuziphatha kakubi kwabafundi.

IMimiselo ephathelele kweZona Yure ziseZantsi zokuFundisa kwiVeki yeSikolo ngaNye nakuSuku lweSikolo ngalunye kwiZikolo zikaRhulumente kwiPhondo leNtshona Koloni, (*Regulations relating to the Minimum Teaching Hours per School Week and School Day in Public Schools in the Western Cape*), yabhengezwa ngokweSiqendu 63(1)(c)(cC)) yapapashwa kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No 7065, yomhla we-28 Novemba 2012 yaza yathunyelwa ezikolweni ngeSetyhula 0044/2012. Le Mimiselo ibonelela ngeeyure ezizezona zizezantsi zokufundisa zesifundo ngasinye kwisigaba ngasinye, imigqalisela ngokubanzi emayisetyenziswe xa kubalwa ezona yure zizezantsi ngeveki nangosuku lwesikolo ngalunye, izicwangciso zenkxaso zesifundo ngasinye nemihla eyahlukileyo yokuphunyezwa kwazo.

IMimiselo ephathelele kuLawulo noKuphathwa kweeHostele kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo nePropathi engenaKushenxiseka neZixhobo zeeHostele ezisegameni leSebe leMfundo leNtshona Koloni (*Regulations relating to the Management and Control of Hostels at Public Schools and the Control over Immovable Property and Equipment of Hostels under the Western Cape Education Department*), yabhengezwa ngokweSiqendu 63(1)(a) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, kwiGazethi yePhondo Extraordinary No. 7066 ka-2012, yomhla we-28 Novemba 2012. Le Mimiselo ijongene phakathi kwezinye izinto nokuphathwa nokulawulwa kweehostele zezikolo zikarhulumente, ikomiti yehostele nolawulo lwee-asethi zehostele nemiba emalunga nabafundi ehostele.

IMimiselo engoTyelelo eZikolweni noVavanyo oluChaphazela iZikolo zikaRhulumente kunye neZikolo eziZimeleyo eziNikwa iNkxaso-mali, yaphunyezwa ngokweSiqendu 63(1)(cG) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, (uMthetho 12 ka-1997) kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No 6976 ka-2012, yomhla we-2 Matshi 2012. Le Mimiselo ijongene nemiba efana nenjongo yokutyelelwa kwezikolo novavanyo, imimiselo nemigangatho, iindima nemisebenzi nokugunyaziswa kokutyelelwa kwezikolo novavanyo. Ikwabandakanya imiba emalunga nezaziso eziya ezikolweni, isixhobo sotyelelo novavanyo nokugqitywa kweengxelo (*completion of reports*).

IMimiselo emalunga noKubhaliswa kweZikolo eZizimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (kungabandakanywa iZikolo eziziiPriprayimari eziZimeleyo) (*Regulations relating to the Registration of and Subsidies to Independent Schools (excluding Independent Pre-Primary Schools)*), yaphunyezwa ngokweSiqendu 28 no-37 soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, (uMthetho 12 ka-1997) kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 6932 ka-2011, yomhla we-6 Disemba 2011. Le Mimiselo ibandakanya iimfuno ezimiselweyo nezizathu zobhaliso, iinkqubo zobhaliso, izatifikethi zobhaliso (*registration certificates*), nemvume yabafundi yokubhalisa nokuchophela iimviwo, ukubeka esweni nofikelelo kwizikolo ezizimeleyo, iinkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo, ukurhoxiswa kokubhaliswa kwezikolo nokulawulwa kwezikolo ezizimeleyo nokufakwa kwezibheni kuMphathiswa wePhondo.

IMimiselo emalunga noKusekwa neMisebenzi yeBhunga lezeMfundo (Regulations relating to the Establishment and Functions of the Education Council), yapapashwa kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No. 6910, yomhla we-26 Septemba 2011. Le Mimiselo ibandakanya ukwakhiwa kweBhunga lezeMfundo (Education Council), ithuba lokubase-ofisini kwamalungu, ukungafaneleki nokupheliswa kobulungu, ukutshitshiswa kweBhunga, izithuba ezingenamntu kwiBhunga lezeMfundo, iKomiti yeSigqeba nentlanganiso neenkqubo.

IMimiselo ngokoMthetho weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997), yomhla we-15 Disemba 2011, ilungiswe ngolu hlobo lulandelayo:

1) *IMimiselo eyiDrafti emalunga noKwamkelwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente zaBafundi abaneeMfuno eZizodwa (Regulationa relating to the Admission of Learners to Public Schools for Learners with Special Education Needs) ngokwesiqendu 63(1), esifundwa kunye nesiqendu 20A(2), yapapashelwa ukufumana izimvo zoluntu kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No. 7187 nge-18 Oktobha 2013. Izimvo ezifunyenweyo ziyaqwalaselwa ukuze kugqitywe ngale Mimiselo. Le Mimiselo iyidrafti yenzelwe ukuchaza inkqubo yovavanyo, inkxaso nokwamkelwa kwabafundi ezikolweni zikarhulumente kubafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo, nebandakanya uvavanyo nenkxaso yabafundi eza kubonelelwa njengenxalenye yenkqubo yokwamkelwa kwabafundi.*

2) *IMimiselo i-Draft Regulations relating to the Issuing of Performance Indicators Binding on Public Schools, yeNtloko yeSebe papapashwa ukwenzela ukuba kuvakaliswe izimvo ngayo kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No. 7335, yomhla we-25 Novemba 2014. Le Mimiselo yenzelwe ukumisela izalathi-nkqubela kwizikolo zikarhulumente ukwenzela ukubeka esweni nokuvavanya indlela izikolo zikarhulumente eziqhuba ngayo kwizifundo ukunceda iSebe libe nako ukuncedisa, licebise yaye linike inkxaso efunekayo ukunceda ezo zikolo zikarhulumente zichaphazelekayo ziqhuba bhetele kwizifundo.*

ISikhokelo esingoKhuseleko lweeNdawo zokuDlalela aBafundi Phandle kwiZikolo zikaRhulumente (*A Guideline on Playground Safety at Public Schools*) sasiwa ezikolweni ngeSetyhula 0011 of 2014. Esi sikhokelo sibonelela ngeendima nemisebenzi zabasebenzi ngokumalunga nokhuseleko lwabafundi kwindawo zokudlalela abafundi, imiphezulu yendawo zokudlalela abafundi, izityalo ezinyetyhefu okanye ezingafanelekanga, kwakunye nengcebiso ngokukhethwa kwezixhobo zendawo yokudlalela abafundi. Siyuka izihlomelo ezijongene neesaveyi zendawo engqongileyo (basic environmental surveys), amanyathelo obulumko (precautionary measures) xa kuthengwa okanye kufakwa izixhobo zendawo yokudlalela abafundi nokuhlolwa nokulondolozwa kwezixhobo.

I-Revised Safety in School Science Policy and Protocol eNtshona Koloni yathunyelwa ezikolweni ngeSetyhula 0021 ka-2012. Lo Mgaqo-nkqubo ubonelela ngengcaciso emalunga nemiba efana nokuqeshwa kwegosa lekhuseleko lesayensi yesikolo (a school science safety officer), ukhuseleko lwelebhu zezikolo, indima neemfanelo zabafundi abasebenzisa iilebhu zesayensi, ukutyunjwa kweemonitha zokhuseleko zangaphandle zesayensi (external science safety monitor), imisebenzi yeemonitha zokhuseleko zangaphandle zesayensi, iikhemikhali ezingavumelekanga (restricted chemicals), izithintelo kwimiboniso yokusebenza kweekhemikhali (demonstrations of chemical reactions) nokugcinwa kweekhemikhali.

ISikhokelo esimalunga noKusetsha noKuhlutha ngeQubuliso nokuVavanyelwa uTywala obunxilisayo neZiyobisi eziNgekho mthethweni kwiZikolo zikaRhulumente kwiPhondo leNtshona Koloni (Guidelines for Random Search and Seizure and Alcoholic Liquor and Illegal IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka 2015/16 – 2017/18

Drug Testing at Public Schools) sahanjiswa kuzo zonke izikolo ngeSetyhula 0024 ka-2011. Esi sikhokelo zicacisa iinkqubo ezimele ukuqhutywa ngazo usetsho nokuhlutha ngequbuliso, nokuvavanyelwa utywala obunxiliso nezinyobisi ezingekho mthethweni zizikolo okanye ngabo zidlulisele kubo amagunya ezikolweni. Esi sikhokelo sijolise ekunciphiseni nasekuthothiseni izenzo zobundlobongela nokusetyenziswa kwezinto ezingekho mthethweni (*illegal substances*) ngabafundi kwanokudala indawo engqonge isikolo ekhuselekileyo ekufundiseni nasekufundeni.

IMimiselo ephathelelene noKumiselwa kweMisebenzi neeNkqubo zokuSekwa noNyulo lwamaBhunga aMele aBafundi kwizikolo zikarhulumente (Determination of the Functions and Procedures for the Establishment and Election of Representative Councils of Learners at public schools) yapapashwa kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No. 7317, yomhla we-13 Oktobha 2014. Yathunyelwa ezikolweni ngeSetyhula 0001 of 2015. Ngaphandle kokumiselwa kwemisebenzi neenkqubo zokusekwa nokunyulwa kwaMabhunga aMele aBafundi (*Representative Councils of Learners*), uxwebhu lukwabonelela iindima nemisebenzi kaTitshala oligosa loQhagamshelwano (*Teacher Liaison Officer*) kwakunye nemisebenzi eyenziwa lelo Gosa loNyulo (*Electoral Officer*) ukulungiselala unyulo lweBhunga eliMele aBafundi esikolweni.

5. Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram

ISebe iWCED liya kugxininisa kuPhuhliso looTitshala (*Teacher Development*) neNkxaso nakuLawulo nokuphathwa kweZikolo, ngelokuzama ukufikelela kwiinjongo ezi-3 zezemfundo zephondo ekuzezi

- Ukuphucula umgangatho kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo ;
- Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
- Ukwandisa umgangatho wemfundo ebonelwa kubahlalali abahlelekileyo

Izixhobo zokufezekisa ezi njongo iya kuba ziincwadi zezifundo neziseko zophuhliso. Ezi zinto ziya kubonelelwa ngokudibene nokwandiswa kwephulo le-e-learning eliya kuqhutywa kunye nokuqaliswa kweprojekthi yesebe yonxibelelwano lwe-broadband.

Inkxaso ephembelela ukuthathwa kwezigqibo nenika iimpemulo nokuba nokuphendula ngokuqhubekayo iya kuba ziimpawu ezizodwa (*hallmarks*) zale minyaka mihlanu izayo nokusetyenziswa okuqhubekayo nokwandiswa kweesistim zolawulo ii-e-administration systems nezicwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement*) nezoPhuculo lweZithili (*District Improvement Plans*) noKubekwa eSweni uPhuculo lweZikolo (*School Improvement Monitoring*).

Ukucwangciswa okuxhaswa yidatha kuya kukhokela izigqibo kwaNdlunkulu nakwiZithili. Kwiinqanaba lesikolo, inkqubo yoPhuculo lweZikolo (*School Improvement Planning*) nezikhuthazi (*incentives*) zezikolo ziya kuphehla ukuphuculwa amava okufunda neziphumo zokufunda kubo bonke abantwana bethu.

linkqubo neenkxaso kwiziphumo zokufunda eziphuculweyo

Ulawulo lwabasebenzi

Zizintlu zezithuba ezintathu zootitshala ezicwangciselwe u-2015. Inkqubo yokugaya abasebenzi entsha i-e-recruitment system iya kuququzelela ngezigaba yonke imiba yenkqubo yokugaya abasebenzi. Izikolo ziya kuchazelwa ngamanani ezithuba zengqesho eziwabelweyo ngo-2016 ngo-Agasti 2015 ukwenzela ukuba ukucwangcisa nokwenziwa kwethayimthebhile zenziwe ngexesha.

Izithuba zeenqununu ziya kupapashwa kuluhlu ngalunye lwezithuba naxa kukho imfuneko yazo. Ukwenzela ukwandisa uzinzo kulawulo ezikolweni, kuya kuqhutyekwa nenkqubo yokugqibezela ukuqeshwa kweenqununu zezikolo, kungekho kulibaziseka kungako. Iikhrayitheriya zokuqeshwa, ezichazwe kwizaziso zezithuba, zibandakanya imfuno yabagqatswa bolawulo bezikolo beze nobungqina bokuba bayiphucule njani na imigangatho kwizikhundla zabo zangaphambili. Iimvavanyo zobuchule ziya kubhalwa ngabo bonke abagqatswa abakuluhlu olufutshane kwizithuba zeenqununu njengenxalenye yeprogram yokomeleza inkqubo yokugaya abasebenzi.

Izintlu zezithuba zengqesho ziya kuqinisekisa ukuba izikolo zingaqesha kwangexesha, ukuze ngokwenjenjalo ziqinisekise utshintsho olungenamagingxingxi kubunkokeli nophazamiseko olungabhekanga phi kwinkqubo yesikolo. Iiprogram zoqheliso eziqhubeka okoko ziya kubanika inkxaso abaqeshwa abatsha.

Uphuhliso lootitshala

Uqeqesho lootitshala nabaphathi bezikolo ngumba ekugxininiswa kuwo ngakumbi liSebe iWCED. Olu qeqesho lubandakanya iikhosi ezizindidi, iisemina neenkomfa e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI). Ukongeza kwiikhosi zoqeqesho olubanzi zeeveki ezimbini, iCTLI ikwaqhuba neesemina neenkomfa ezahlukeneyo ngezihloko ezibalulekileyo. Ukongeza kumaphulo ongenelelo ngoncedo oqeqesho oluqhelekileyo eCTLI, ukususela ngo-2014, luya kutshintshwa ugxininiso lusiwe kumaqela ogxininiso akuloo ndawo (localised support groups) ukujongana nezihloko neemfuno ezithile ngeeprogram eziqhutyelwa ezikolweni nakwezo ndawo zikwizithili. Iiprogram ephambili eyongezelelweyo ekugxininiswa kuyo ku- 2014 ibiyi- ICT integration ekufundiseni abafundi abaezithintelo ekufundeni. Oku kuya kuqhubeka ngo-2015 kunye nokucwangcisa ukuqaliswa kwe-Teacher Development Plan ecetywayo ngo-2016. Kwimeko yeenqununu, ugxininiso luya kuba sekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nangophuhliso nenkxaso yabo bangenamava okanye abafuna ingcebiso engaphezulu (extra mentoring) ; ukuya ekuphuhliseni abo sele benobuchule ukuba baye kwinqanaba elilandelayo. Zonke izithili zibamba iiseshoni zoqheliso zabo basanda kuqeshwa njengenxalenye yenkqubo yoqheliso ecwangcisisweyo. Iikhosi eCTLI zoqeqesho kulawulo lwezikolo ziya kubandakanya ezi zihloko: *inqununu njengomphathi wekharithyulam; iindima nemisebenzi yamasekela-nqununu; iindima nemisebenzi yeentloko zamacandelo iinqununu ezibonisa umdla nolangazelelo neenkokeli zezikolo; uqhelwaniso lweenqununu namasekela-nqununu nomisebenzi wawo; uqeqesho lweekomiti zolawulo zezikolo nabasetyhini abakulawulo nabanomdla wobakulawulo.*

Ulawulo lwezikolo neMpatho

Izifundo zophando olwenziweyo eMzantsi Afrika (*South African research papers*) zalatha ubungqina bokubakho kwefuthe elibi lokuphazamiseka kokufunda. Ngako oko ke kukho ukugxininisa ngamandla ekusetyenzisweni ngokufanelekileyo [kweeyure zokufundisa](#). Olu gxininiso luxhaswa ngeengxelo zaqho ngekota zokungahambi isikolo kwabafundi nootitshala (learner and teacher absenteeism) kunye nomgaqo-nkqubo wokungahambi isikolo

kwabafundi (*learner absenteeism policy*). Ngo-2015, kuya kubakho ugxininiso oluqhubekayo ekusetyenzisweni okukhulu kosuku lwesikolo.

Iya kuqhubeka iprogram yokubeka esweni yokulandelela iinkqubo zeziCwangciso zoPhuculo lweSikolo ziya kuqhubeka. Imiba ephambili ekugxilwe kuyo ibandakanya uku-odolwa nokusetyenziswa kweencwadi zezifundo; ulawulo lwezikolo; kwiziCwangciso zeBakala 1 nezeBakala 9 ukuphucula umgangatho weziphumo kula mabakala; ekufundisweni kwekharithulam; ukugqwesa kwizifundo ngokugcina ingcaciso yeCEMIS yesikolo ihlaziyiwe; ulawulo lweefasilithi; nokuthethana nabazali nokuzaliswa kwezithuba zengqesho. Eminye imiba eyongezelelweyo nemitsha ekugxilwe kuyo iya kuba kukusetyenziswa kwelona nani liphezulu leentsuku zokufundisa nokugcinwa kwefasilithi zococeko (ablution facilities).

ISebe i-WCED liqulunqe iprogram ebanzi yenkxaso enikwa izikolo malunga *nonyulo noqeqesho lwaMabhunga oLawulo eZikolo* ngo-2015. Ukugxininisa kuqeqesho kuya kuba kwiindima nakwimisebenzi yamalungu eSGB, nokubandakanya iindima zawo ekutyumbeni iinqununu nootitshala. Kuya kubakho ugxininiso olungamandla kwiindima zawo kulawulo lwemicimbi yemali. Kuya kubakho nogxininiso olungamandla kwimfuno yokugcina abazali benolwazi ngemiba yezemfundo ukomeleza indima yabo yobuzali.

Ukulungiselela uNyaka weSikolo ka-2016

Iprogram yobhaliso kwasekuqaleni iya kumisela imihla eyayapashwa kakuhle nangexesha elifanelekileyo yokuba abazali babhalise abantwana babo nokuba ii-ofisi zezithili zemfundo zimisele iikomiti zobhaliso lwabafundi ukubancedisa abazali.

Yonke imiba yokulungela kwesikolo unyaka ka-2016 kuya kujongwana nayo ngokwezicwangciso. Oku kubandakanya ukulungela kwazo izikolo ngokwezakhiwo (*physical preparedness*) kwanokulungela kwazo ngokwezifundo (*curriculum*), nokulungela kwazo ngokumalunga nolawulo nokuphathwa kwazo. ISebe iWCED nalo liya kukhuthaza yaye linike inkxaso ukuthathelwa ingqalelo kwezikolo njengezikolo ezikhathalayo. Ifanitshala ebethengiwe iya kusiwa ezikolweni phambi kokuba zivule ngo-2016. Oku kubandakanya ukuthenga ifanitshala yezikolo ezitsha.

6. Isishwankathelo seBhajethi ka-2015/16 noQikelelo lwe-MTEF

6.1 Uqikelelo lweNkcitho

BT ³ 001	Icandelo lemfundo yephondo-Imiba ephambili					
	2012/13	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	2017/18
	Eyiyo kanye	Eyiyo kanye	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
Ingeniso (R' 000)						
Isixa esabiwe ngoBulungisa (Equitable share)	12,812,975	13,898,802	15,101,922	16,285,681	17,078,066	18,166,988
Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	723,356	1,128,656	1,416,180	1,401,255	1,236,138	1,243,763
Inkxaso-mali yeziphomali (Donor-Funding)	0	0	0	0	0	0
Ezinye izimali (ii-Asset Finance Reserve)	75,455	50,208	62,295	28,886	217,874	0
Ingeniso yeSebe (Own Revenue)	41,881	33,554	28,227	29,106	30,648	32,180
Itotali	13,653,667	15,111,220	16,608,624	17,744,928	18,562,726	19,442,931
Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)						
1. Ezolawulo	992,428	1,032,806	1,222,754	1,410,236	1,414,510	1,505,085
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (makujongwe ukwahlulwa kwazo apha ngezantsi)	10,445,476	11,359,028	12,083,075	12,854,456	13,711,569	14,416,766
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	72,697	84,648	90,326	95,384	99,544	104,521
4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa	820,101	910,338	1,045,531	1,059,085	1,115,143	1,182,555
5. Imfundo noPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo	383,894	465,535	515,449	619,191	649,810	683,278
6. Uphuculo lweziseko zophuhliso	750,672	1,054,312	1,397,772	1,427,227	1,281,939	1,288,320
7. Iinkonzo zoviwo nezemfundo ezinxulumene nazo	188,399	204,553	253,717	279,349	290,211	262,406
Itotali	13,653,667	15,111,220	16,608,624	17,744,928	18,562,726	19,442,931
Iintlawulo eziya kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (R' 000)						
2.1 Inqanaba lezikolo eziziprayimari zikarhulumente	6,188,314	6,597,359	7,019,983	7,546,917	8,007,026	8,365,152
2.2 Inqanaba lezikolo ezizisekondari zikarhulumente	3,914,964	4,400,697	4,670,330	4,898,502	5,262,059	5,584,250

BT 4 001	Icandelo lemfundo yephondo-Imiba ephambili					
	2012/13	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	2017/18
	Eyiyo kanye	Eyiyo kanye	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
Iintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)						
Iintlawulo zaNgoku	11,728,973	12,776,213	13,876,411	15,080,483	15,888,177	16,658,390
Imbuyiselo yabaqeshwa	10,462,699	11,273,164	12,202,829	13,206,134	13,946,096	14,702,088
► Ootitshala	8,869,970	9,536,228	10,290,140	11,171,920	11,795,484	12,425,433
► Abangezotitshala	1,592,729	1,736,936	1,912,689	2,034,214	2,150,612	2,276,655
Iimpahla neenkonzelo nokunye (current)	1,266,274	1,503,049	1,673,582	1,874,349	1,942,081	1,956,302
Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	1,334,977	1,585,964	1,526,601	1,553,244	1,709,769	1,763,384
Iintlawulo zee-asethi ii-capital assets	571,481	736,777	1,201,048	1,106,372	959,685	1,015,807
Iintlawulo kwii-asethi zezemali	18,236	12,266	4,564	4,829	5,095	5,350
Itotali	13,653,667	15,111,220	16,608,624	17,744,928	18,562,726	19,442,931

ST003	Icandelo lemfundo yephondo-Ulwabiwo ngemimiselo yolwabiwo lwezithuba (2015)				
	Izithuba zeNqanaba 1	Izithuba zeNqanaba 2	Izithuba zeNqanaba 3	Izithuba zeNqanaba 4	Itotali
Izithuba ezabiwe ngemodeli	21 855	4 472	1 492	1 540	29 359
Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	20 532	4 245	1 415	1 472	27 664
Izikolo eziziprayimari zikarhulumente	12 877	2 589	858	1086	17 410
Isigaba seesekondari zikarhulumente	7 655	1 656	557	386	10 254
Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa	1 323	227	77	68	1 695

Umthombo: I-Post Provisioning Model 2015 (Rounded)

Ubalo lwasekelwa kwi-Post Distribution Model for 2015 ukugcina uzinzo kumaziko.

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1. IProgram 1: Ezolawulo

Injongo: Ukubonelela ngolawulo lwento yonke nangenkxaso kwinkqubo yezemfundo, ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo, uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente neminye imigaqo-nkqubo

Ucazululo ngeprogram nganye:

Ngo-2015 ugxininiso luya kuba kwiinkqubo eziphuculweyo ezibandakanya usetyenziso olungqongqo lweenkqubo ze-akhawuntingi (*accounting practices and disciplines*) nenkxaso esekelwe kwiimfuno eza kunikwa izikolo.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2015 :

- IiNkonzo zeMicimbi yabasebenzi eziphambili (*Human Resources services*) ezibonelelwa liSebe iWCED ziya kuba zezi (i) ulawulo lwenkqubo yoLwabiwo lweZithuba ezabelwe amaziko (*Post Provisioning process*) ukuze izikolo zaziswe engadlulanga u-Agasti, 2014, ngamanani ezithuba ezabelwe wona ango- 2015 (ii) ukupapashwa kwezithuba nokunikwa inkxaso kwamaziko ukwenzela ukukhethwa kootitshala abakumgangatho ophezulu (iii) Ulawulo lweNkqubo i-*Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement* (iv) ukugaywa kwabasebenzi nokukhethwa kwabaqehswa abanobuchule (v) ulawulo lokuhlululwa kwabo (vi) ukufakwa kwabanezidanga neediploma nootitshala abangaphezu kwemfuno kwizithuba (vii) iinkqubo zemibutho yabasebenzi ezisemgangathweni (*sound labour practices*) kunye nabachaphazelekayo bangaphakathi nabangaphandle abathatha inxaxheba.
- Ukuqulunqwa kwesicwangciso i-*Five Year Teacher Development Plan*.
- Kwicandelo lolawulo lwezemali kuya kugxininiswa ekuqinisekiseni ukuba zonke iinkqubo zokuthenga impahla neenkonzo zikarhulumente ziyangqinelana ngokupheleleyo nokugxininisa ekongeni iindleko nokuba nokuphendula malunga nosetyenziso lwemali nokuphelisa nayiphi na imiba emalunga nokuchaphazeleka kukungqubana kweemfuno.
- Izikolo ziya kunikwa isixhobo sekhompyutha i-*standardised online tool* sokufaka isiCwangciso soPhuculo lweSikolo. Oku kuya kubangela izikolo zifunde ngemiba eqhubeka kwezemfundo ukwenzela ukuba zenze izigqibo zinolwazi ngokuphucula umgangatho nangeethagethi. IziCwangciso ii-*School Improvement Action Plans* ziya kufakwa kwezi zicwangciso
- Iqela leenkqubo ezisebenzisa ikhompyutha zokwenza imisebenzi ziya kubonelela ngeefasilithi zekhompyutha, ufikelelo, ukunika ingxelo neenkqubo zokubekwa esweni kwezikolo, iZithili neeyunithi zakwaNdlunkulu.
- Kuya kuqhutyekwa nokomeleza yonke imiba yeCEMIS ukwenzela ukuba idatha ithembeke yaye ibe yehlaziyiweyo
- Kuya kuqinisekiswa ukuba naziphi na iingxaki ngokumalunga nolowulo oluqhubekayo kwikhompyutha (*online e-administration*) kuhlantatyezwana nazo yaye zicitshiswe.
- Onke amacandelo eSebe iWCED aya komeleza uqwalaselo lweenkqubo nemigaqo ye-akhawuntingi nemicimbi yokuthengwa kweempahla neenkonzo ukwenzela ukuphucula uphicotho lweengxelo zemali loMphicothi-zincwadi nokujongana kwangexesha kwemiba ngenkqubo yoPhicotho lwanagaPhakathi

- UVavanyo lweSikolo siPhela (*Whole School Evaluation (WSE)*) luya kuqhutywa kwizikolo eziyi-120. Ziya kutyelelwa izikolo kwisithuba seentsuku ezi-3 nezi-5. Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nezikolo ezizimeleyo ziya kuqhubeka nokuba zibandakanywe kwisampulu zeWSE. Kuya kukhutshwa iingxelo ezibandakanya konke zezikolo kwisikolo ngasinye esityelelweyo. Kwisimesta nganye, ezi zikolo ziya kufakwa iikhowudi ngokweereyithingi zeWSE. Kuya kwabelwana ngeziphumo zoku kwiingxelo ezingomsebenzi wokufundisa osemgangathweni nemiba eqhubekayo.
- Umsebenzi wolawulo nokuphathwa kwamaziko kwizithili ujongisiseke kwakhona yaye wavavanywa uthelakiswa nemigaqo yoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*) ngakumbi imiba ephathelele kulawulo lweemali zesikolo. Izikolo ezifuna inkxaso malunga nolawulo lwezemali ziya kuqwalaselwa kuqala. Ugxininiso luya kuba kwinkxaso kwizikolo eziyi-216 esele ziguqulwe zaba zizikolo ezingabizi zifizi kwakunye nezo ziqatshelwe njengezifuna inkxaso ngokumalunga nolawulo lwezemali.
- Ukuphunyezwa kwesiqendu 16A soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika – ngakumbi ngokunxulumene nemisebenzi yenqununu, siya kuphunyezwa, sibekwe esweni yaye sivavanywe ngokuqhubekayo.
- ISebe iWCED liya kuqhubeka nokuququzelela uqeqesho lweeSGBs ngokungqinelana neprogram yoqeqesho evunyiweyo yeminyaka emi-3.

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa

ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi ye-ofisi yeLungu leBhunga leSigqeba (Member of the Executive Council (MEC) kwezemfundo ngokungqinelana nencwadana i-ministerial handbook

Iiprogram esekelayo 1.2: Iinkonzo zeZiko

ukubonelela ngeenkono zolawulo ezingangqamananga ngqo nezemfundo kwinkqubo yezemfundo

Iiprogram esekelayo 1.3: Ulawulo lwezeMfundo

ukubonelela ngeenkono zolawulo lwezemfundo kwinkqubo yezemfundo

Iiprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi abasezi-ofisini

Iiprogram esekelayo 1.5: I-Education Management Information System (EMIS)

Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo le-EMIS (iphondo lingafaka uMphathi othweswe uMsebenzi wokujongana neStokhwe ongoyena uchaphazelekayo)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili)
Inkcazo emfutshane	Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha ngakumbi ngohlobo lwee-imeyili. Izikolo zikarhulumente: Ibhekiselela kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Ayizibandakanyi izikolo ezizimeleyo.
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa ukufikeleleka kwezikolo ngamasebe ngokusetyenziswa kwezinye iindlela ezingekuko ukutyelela ubuqu. Oku kubalulekile ekuthumeleni isetyhula, ukubonelela ngezinto zokuncedisa ukufunda, nokufumana ingcaciso esuka ezikolweni ngokukhawuleza.
Umgaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	UMthetho woMgaqo-nkqubo weNgcaciso ngezeMfundo (<i>Education Information Policy Act</i>) Iziko ledatha ye-EMIS yePhondo
Iindlela zokuqinisekisa	I-No. ye-EMIS, igama lezikolo kunye nedilesi ye-imeyili

A. IPROGRAM 1: EZOLAWULO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili)
Indlela yokubala	Makurekhodwe itotali yenani lezikolo zikarhulumente zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelelo wengxelo	Qho ngekota
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Kuya kuqhagamshelwana nazo zonke izikolo zikarhulumente ngee-imeyili.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	Icandelo le-EMIS / iCandelo le-IT (iphondo lingafaka uMphathi othweswe umsebenzi wokujonga neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM103: Ipesenti yenkcitho yakutshanje yezemfundo eya kwizinto ezingezozabasebenzi
Inkcazo emfutshane	Itotali yenkcitho (uhlahlo lwabiwo-mali) olungezinto ezingezozabasebenzi njengepesenti yetotali yenkcitho yangokunje kwezemfundo. INkcitho yaNgokunje yezeMfundo: Ibhekiselela kuyo yonke inkcitho karhulumente engeyomali yezemfundo (kubandakanywe kuyo onke amacandelwana ezemfundo kubandakanywa izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, izikolo ezizimeleyo kunye neegranti ezikhutshwa ngemiqathango). Esi salathi-nkqubela sijonga itotali yohlahlo lwabiwo-mali.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa inkcitho yezemfundo kwizinto ezingezozabasebenzi.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	I-PFMA
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	Isistim i-Basic Account System (BAS)
Iindlela zokuqinisekisa	Iingxelo zaqho ngoNyaka zeMali
Indlela yokubala	Yahlula itotali yenkcitho yezemfundo (uhlahlo lwabiwo-mali) kwizinto ezingezozabasebenzi ngetotali yenkcitho yangokunje kwezemfundo uze uphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Ukunciphisa inkcitho kwezabasebenzi kwanokuqinisekisa ukuba kufumaneka iimali ezingaphezulu ukwenzela izinto ezinganxulumenanga nezabasebenzi.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	UMphathi othweswe uxanduva lokujongana neStokhwe (kwiCandelo lezeMali) (iphondo lingafaka uMphathi othweswe uxanduva lokujongana neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM104: Inani lezikolo ezityelelwe ngamagosa ezithili ngeenjongo zokubeka esweni nokunika inkxaso.
Inkcazo emfutshane	Inani lezikolo ezaye zatyelwa ngaBaphathi beeSekethe nangaBacebisi ngeZifundo ngekota nganye ukwenzela ukubeka esweni, ukunika inkxaso nokunxibelelana. Oku kubandakanya utyelelo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwaye kungalubandakanyi utyelelo kwizikolo ezizimeleyo. UMphathi weSekethe: lo ngumphathi owongamelayo nokwanika inkxaso kwizikolo eziyindibanisela ezindaweninye/ kwiqela lezikolo egameni loMphathi weZithili. Ngoko ke, amagosa ezithili abandakanya onke amagosa asuka kwii-ofisi zezithili neesekethe ngenjongo yokubeka esweni ngenjongo yokunika inkxaso.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa inkxaso enikwe izikolo ngamagosa ezithili kubandakanywa aBaphathi beeSekethe naBacebisi ngeZifundo
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	I-SASA kunye ne-MTSF
Uvimba/ukuqokelelwa	KuBaphathi beeSekethe naBacebisi ngeZifundo baye basayina iishedyuli

A. IPROGRAM 1: EZOLAWULO	
kwedatha	zezikolo kunye neerekhodi zeendwendwe okanye ifom yokundwendwela izikolo.
Iindlela zokuqinisekisa	lingxelo zaqho ngekota (ezimalunga nenani lezikolo ezityelelwe ngamagosa esithili kubandakanywa naBaphathi beeSekethe kunye naBacebisi ngeZifundo)
Iindlela yokubala	Makurekhodwe itotali yenani lezikolo ezazityelelwe ngabaphathi beesekethe ngekota nganye ukunika ingxelo, ukubeka esweni nokunxibelelana.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngekota
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenekayo omakwenziwe	Zonke izikolo ezifuna uncedo ziya kutyelwa qho ngekota ngaBaphathi beeSekethe ngeenjongo zokubeka esweni, ukunika inkxaso nonxibelelwano.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo loLawulo lokuNika iNkxaso nokuPhathwa kwamaZiko (<i>Institutional Support Management and Governance</i>) (iphondo lingafaka aBaphathi abajongene neStokhwe abachaphazeleka kakhulu)

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM201: Inani lezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo elifundisa abafundi abanezithintelo ekufundeni
Inkcazo emfutshane	Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezizizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo. Izikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo: zizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhotyiswe ngokukodwa zaza zalungiselelwa ukusingatha iintlobo ngeentlobo zezithintelo kwimfundo kwimeko yemfundo ebandakanya bonke abafundi.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa ukufikelela kwizikolo zikarhulumente ngabafundi abanezithintelo zemfundo
Umgaqo-nkqubo unxulumene noku-	UMgaqo-nkqubo osaXoxwayo i-White Paper 6
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha yezikolo zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi
Iindlela zokuqinisekisa	Uluhlu lwezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezatshintshelwa kwizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo okanye izikolo zikarhulumente ezibonelelwa ngezinto zokuncedisa okanye iziseko zophuhliso ezifanelekileyo.
Iindlela yokubala	Makubalwe itotali yenani lezikolo ezinika inkonzo epheleleyo
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM201: Inani lezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo kubafundi abanezithintelo ekufundeni
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenekayo omakwenziwe	Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa bafumana ukufikelela kwinkqubo yokufunda kwanokuba izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zinako ukwamkela aba bafundi.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo leMfundo eBandakanya bonke aBafundi (iphondo lingafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM202: Inani lezikolo eziziprayimari ezinereyithi yokupasa ngokupheleleyo kwi-ANA ka-50% nangaphezulu
Inkcazo emfutshane	Itotali yenani lezikolo zikarhulumente eziziprayimari eziqhelekileyo ezifumene ireyithi yokupasa engumndilili ka-50% nangaphezulu kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (ANA). IiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (ANA) luvavanyo lolwazi lokufunda nokubhala kunye nolwazi

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
	lokubala lwaseMzantsi Afrika. Zaqaliswa liSebe leMfundo likazwelonke kwiinzame zokuphucula ulwazi lokufunda nokubhala kunye nolwazi lokubala kwizikolo zeli lizwe. Ezi mvavanyo zenziwa kubo bonke abafundi bamaBakala 1-6 nabeBakala 9 kwizikolo zikarhulumente kuzwelonke.
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa imiba yomgangatho wokufundiswa kwemfundo kwisistim yokufunda kugxininiswa ngokukodwa kubuchule babafundi kwizakhono zolwimi nokubala.
Umgqaqo-nkqubo unxulumene noku-	IsiCwangciso soMsebenzi ukuya ku-2019 kunye neCAPS
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	limvavanyo zikazwelonke, iziko ledatha ye-ANA kunye ne-ANA <i>Technical Report</i>
Iindlela zokuqinisekisa	Iziko ledatha ye-ANA
Iindlela yokubala	Makurekhodwe inani lezikolo eziziprayimari ezinereyithi yokupasa engumndilili we-50% nangaphezulu kwiimviwo ze-ANA.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo eziziprayimari eziqhelekileyo ziya kufumana u-50% nangaphezulu kwiiMvavanyo zoNyaka zikaZwelonke (ANA).
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo leSebe eLikhulu leKharithulam neeMvavanyo kunye neeMviwo (<i>Curriculum Branch and Assessment and Examinations Directorate</i>) (iphondo lingafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM 203: Inani lezikolo ezizisekondari ezinereyithi yokupasa ngokupheleleyo kwi-ANA ingu-40% nangaphezulu
Inkcazo emfutshane	Itotali yenani lezikolo zikarhulumente eziziprayimari eziqhelekileyo ezifumene ireyithi yokupasa engumndilili ka-50% nangaphezulu kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (ANA). IiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (ANA) luvavanyo lolwazi lokufunda nokubhala kunye nolwazi lokubala lwaseMzantsi Afrika. Zaqaliswa liSebe leMfundo likazwelonke kwiinzame zokuphucula ulwazi lokufunda nokubhala kunye nolwazi lokubala kwizikolo zeli lizwe. Ezi mvavanyo zenziwa kubo bonke abafundi bamaBakala 1-6 nabeBakala 9 kwizikolo zikarhulumente kuzwelonke.
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa imiba yomgangatho wokufundiswa kwemfundo kwisistim yokufunda kugxininiswa ngokukodwa kubuchule babafundi kwizakhono zolwimi nokubala.
Umgqaqo-nkqubo onxulumene noku-	IsiCwangciso soMsebenzi ukuya ku-2019 kunye neCAPS
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	limvavanyo zikazwelonke, iziko ledatha ye-ANA kunye ne-ANA <i>Technical Report</i>
Iindlela zokuqinisekisa	Iziko ledatha ye-ANA
Iindlela yokubala	Makurekhodwe inani lezikolo ezizisekondari ezifumene ukupasa ngo-40% nangaphezulu kwiimvavanyo ze-ANA.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo ezizisekondari ziya kufumana u-40% nangaphezulu kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (ANA).
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo leSebe eLikhulu leKharithulam neeMvavanyo kunye neeMviwo (<i>Curriculum Branch and Assessment and Examinations Directorate</i>) (iphondo lingafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM204: Inani lezikolo eziziisekondari ezinereyithi yokupasa ye-60% nangaphezulu kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC)
Inkcazo emfutshane	Itotali yenani lezikolo eziziisekondari ezaye zafumana ukupasa ngomndilili ka-60% nangaphezulu kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC).
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa umgangatho wokupasa we-NSC njengoko icandelo lifuna ukuqinisekisa ukuba abafundi beBakala 12 abangaphezulu bafumana isiqinisekiso semfundo seNSC.
Policy linked to	IsiCwangciso soMsebenzi ukuya ku-2019 kunye neCAPS
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	IZiko leDatha leeMviwo neeMvavanyoNational Examinations and Assessment Database
Iindlela zokuqinisekisa	Iziko ledatha yeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
Iindlela yokubala	Makurekhodwe itotali yenani lezikolo ezinomndilili wokupasa u-60% nangaphezulu kwiimviwo zeNSC.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM204: Zonke izikolo eziziisekondari ezinereyithi yokupasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) ka-60% nangaphezulu
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenekayo omakwenziwe	Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ziya kufumana u-60% nangaphezulu kwi-NSC
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo leSebe eLikhulu leKharithulam neeMvavanyo kunye neeMviwo (<i>Curriculum Branch and Assessment and Examinations Directorate</i>) (iphondo lingafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM205: Ipesenti yabantwana abaneminyaka eyi-9 ubudala kunyaka odlulileyo nekungokunje babhaliswe kwiBakala 4 (okanye kwibakala elingaphezulu)
Inkcazo emfutshane	Iminyaka yobudala efanelekileyo yabantwana ababhalise kwiBakala 4 bakwiminyaka eyi-10 yobudala. Ngoko ke, inani labafundi abebeneminyaka eyi-9 kunyaka odlulileyo, lilingana nelabantwana abaneminyaka eyi-10 kunyaka-mali wakalokunje, nababhalisileyo ngoku kwiBakala 4 nangaphezulu nababhalwe njengetotali yenani labafundi abaneminyaka eyi-10 ubudala ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa ubuchule kwisistim yesikolo, umzekelo, ifuthe lokuqaliswa kade kwabafundi kwiBakala 1, ukuphinda-phinda ibakala, kwanokuyeka esithubeni kwabafundi bengaqibanga ukufunda. Idatha emalunga nebakala eliphunyelelweyo kunye neminyaka yabafundi ibisoloko iyinto efumanekayo kakade iminyaka emininzi, nge-EMIS. Iisaveyi zeSebe iStats SA ezinjengeSaveyi yezaMakhaya ngokuBanzi (<i>General Household Survey</i>) seyiqalisile ukuqokelela ingcaciso malunga nobhaliso lwamabakala ukuqalela ku-2009.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswa noku-	I-SASA kunye ne-MTSF
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	Iisaveyi ii-EMIS Annual Schools Survey (ASS)
Iindlela zokuqinisekisa	Ushwankathelo lweziko ledatha i-Annual Schools Survey database
Iindlela yokubala	Yahlula inani labafundi abaneminyaka yobudala eyi-10 ababhaliswe kwiBakala 4 nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngetotali yenani labafundi abaneminyaka eyi-10 abafunda kwezi zikolo kungakhathaliseki mba webakala nakuphinda-phindwa ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Ukungabikho kwengcaciso echanekileyo malunga nomhla wokuzalwa
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Ukusebenza ngobuchule
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Amanani amakhulu abafundi beminyaka yobudala obufanelekileyo abaya kuba kumaBakala afanelekileyo
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo le-EMIS (iphondo lingafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM 206: Ipesenti yabantwana abaye bagqiba iminyaka yobudala eyi-12 kunyaka ongaphambili nekungokunje babhaliswe kwiBakala 7 (okanye kwibakala elingaphezulu)
Inkcazo emfutshane	Iminyaka yobudala efanelekileyo yabantwana ababhaliswe kwiBakala 7 yiminyaka yobudala eyi-13. Ngoko ke, inani labafundi abagqibe iminyaka eyi-12 kunyaka odlulileyo, lilingana nenani labantwana abaneminyaka yobudala eyi-13 kulo nyakanje, bababhalise ngokunje kwiBakala 7 nakumabakala angaphezulu abhalwe njengepesenti yetotali yenani labafundi abaneminyaka yobudala eyi-13 ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM 206: Ipesenti yabantwana abagqibe iminyaka eyi-12 kunyaka owandulelayo nekungokunje babhalise kwiBakala 7 (okanye kwibakala elingaphezulu)
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa ukusebenza ngobuchule kwenkqubo yokufunda, umzekelo, ifuthe lokuqala emva kwexesha kwabafundi kwiBakala 1, ukuphinda-phinda ibakala, nokuyeka esithubeni kwabafundi bengagqibanga ukufunda. Idatha emalunga nebakala eliphunyelelweyo kwaneminyaka yobudala yabafundi ibisoloko iyinto efumanekayo iminyaka emenzi, nge-EMIS.
Umgqaqo-nkqubo unxulumene noku-	I-SASA kunye ne-MTSF
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	Isaveyi i-EMIS Annual Schools Survey (ASS)
Iindlela zokuqinisekisa	Ushwankathelo lweziko ledatha ye-EMIS Annual Schools Survey database
Iindlela yokubala	Yahlula inani labafundi abaneminyaka yobudala eyi-10 ababhaliswe kwiBakala 7 nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngetotali yenani labafundi abaneminyaka eyi-13 abafunda kwezi zikolo kungakhathaliseki mba webakala nakuphinda-phindwa ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Ukusebenza ngobuchule kwenkqubo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityanisiwanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Inani eliphakamileyo labafundi beminyaka yobudala abaya kuba kumabakala afanelekileyo ezikolweni
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo le-EMIS (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM207: Inani lezikolo ekubonelelwe ngazo kwizinto zokuncedisa ukufunda nokufundisa (media resources)
Inkcazo emfutshane	Abafundi kufuneka bafikelele kwiintlobo ngeentlobo zezinto zokufunda ezinjengeencwadi ezingezizo iincwadi zezifundo (<i>textbooks</i>), amaphephandaba, izinto zokufunda ebezinokufumaneka ngokwakwimeko yesiqhelo kwiindawo zasekuhlaleni zabahlwempuzekileyo, apho ezo zinto zokufunda zilolo hlobo zingafumaneki lula khona ekhaya. Ngaphandle kokufikelela kwezi zinto, umzekelo, ii-encyclopaedia, amava okufunda anqongophala ngokugqithisileyo.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganiseka ipesenti yabafundi abanako ukufikelela kwizibonelelo zokuncedisa ukufunda nokufundisa. Ukufikelela kwizibonelelo zeelayibrari ezisemgangathweni kubalulekile kwimikhwa yokuthanda ukufunda ubomi bakho bonke, ngokukodwa kwiindawo zoluntu oluhlwempuzekileyo apho abantwana bangenako ukufikelela kwizinto zokufunda zabucala.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	I-SASA kunye ne-Library Information Service

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha le- <i>Library Information Service database</i> okanye i-NEIMS
Iindlela zokuqinisekisa	Uluhlu lweziko ezinikwe izinto zokuncedisa ukufunda nokufundisa kubandakanywa nobungqina bezinto ezisiweyo ezikolweni (<i>proof of deliveries</i>) (PODs) okanye ezinye iintlobo zobungqina njengoko bucacisiweyo kwinqanaba lephondo
Indlela yokubala	Makurekhodwe itotali yenani leziko ezaye zafumana izinto zokuncedisa ukufunda nokufundisa
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM207: Number of schools provided with media resources
Okunqwenekayo omakwenziwe	Zonke iziko ziya kubonelelwa ngezinto zokuncedisa ukufunda nokufundisa
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ISEbe eLikhulu leKharithulam (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM208: Ireyithi yokungahanjwa kwesikolo ngabafundi
Inkcazo emfutshane	Ukungahanjwa kwesikolo ngabafundi kuchazwa njengemeko apho umfundi angekhoyo khona esikolweni imini yonke.
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela siphonononga iisitim zokuqaphela ubungakanani bokungahanjwa kwesikolo ngabafundi kwanokuqinisekisa ukuba zikho iisitim zokubeka esweni nokunciphisa ukungahanjwa kwesikolo ngabafundi. Injongo yoku kukulinganisa inani leentsuku zokufunda eziye zalahleka ngekota enye.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	I-SASA
Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha yabafundi abangekhoyo ezikolweni, ngokwenkqubo yokufakwa kwedatha ekhompuytheni ekhoyo kwelo phondo
Iindlela zokuqinisekisa	Ukwenziwa kweengxelo ezivela ezikolweni (isishwankathelo seetotali kuphela)
Indlela yokubala	Yahlula itotali yenani leentsuku zomsebenzi ekuphulukwene nazo ngenxa yokungahanjwa kwesikolo ngabafundi ngenani leentsuku zesikolo kwikota uze uziphinda-phinda ngo-100
Okungenakwenziwa yidatha	Ulibaziseko ekungenisweni koluhlu lwesishwankathelo sabafundi abangekhoyo ezikolweni ezingenaluhagamshelwano lwe-intanethi
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Ukwenziwa kwenkqubo ngobuchule
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngekota
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenekayo omakwenziwe	Ipesenti ephezulu yabafundi iya kuhamba isikolo yonke imihla
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo le-EMIS (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM209: Ireyithi yokungabikho esikolweni kootitshala
Inkcazo emfutshane	Ukungabikho esikolweni kusengabangelwa kukuthathwa kwekhefu lokungabikho esikolweni elingagunyaziswa ngenxa yokugula okanye uxanduva lwezosapho okanye kusengenzeka ukuba utitshala lowo 'ukho' kodwa akakho sezikolweni kuba kusengenzeka ukuba wenza imisebenzi esesikweni yaseburhulumenteni (<i>official duties</i>).
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa iqondo lokungabikho ezikolweni kootitshala ukwenzela ukwenza iisisti zokunciphisa nokubeka esweni lo mba yonke imihla. Injongo kukubala iintsuku abafundi abaphulukene nazo ngenxa yokungabikho esikolweni kootitshala.
Umgqaqo-nkqubo	I-SASA

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
onxityelelaniswe noku-Uvimba/ukuqokelelwa kwedatha	lisistim zedatha yePERSAL kunye ne-EMIS
Iindlela zokuqinisekisa	Iziko ledatha yootitshala abarekhodwe njengabangekhoyo emsebenzini (ngokusekelwe kwiifom zekhefu ezingeniswiweyo)
Iindlela yokubala	Yahlula itotali yenani leentsuku zomsebenzi ekuphulukwene nazo ngenxa yokungabikho esikolweni kootitshala ngetotali yenani leentsuku ezingazomsebenzi ngekota uze uphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Libazisa ukungeniswa kweefom zekhefu nokuhlaziywa kwengcaciso kwiPERSAL
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM209: Ireyithi yokungabikho kootitshala esikolweni
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Ukwenziwa kwenkqubo ngobuchule
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngekota
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Ipesenti yootitshala mabafike kwangethuba kwaye bafundise ezikolweni ngethuba leeyure zesikolo
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ULawulo lweMicimbi yezaBasebenzi nezeNgqesho (amaphondo anako ukufaka oyena Mphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM210: Inani labafundi abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgahlawulisi Fizi"
Inkcazo emfutshane	Inani labafundi abahamba izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abangahlawuli naziphi na iifizi ngokomgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgahlawulisi Fizi". Urhulumente waye waphumeza umgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgahlawulisi Fizi" ukuphelisa ukusingelwa phantsi kwabafundi abahlwempuzekileyo. Oku kungqinelana noMgaqo-siseko welizwe, omisela ukuba abemi banelungelo kwimfundo esisiseko kungaqatshelwe kufumaneka kwazibonelelo zokufunda.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa ukufikelela kwimfundo yasimahla
Umgaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	UMgaqo-siseko, iSASA noMgaqo-nkqubo "ongeZikolo eziNgahlawulisi Fizi"
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Ukuthagethwa kokufumaneka kwezibonelelo zokufunda kunye neziko ledatha ye-EMIS
Iindlela zokungqinisa	Itheyibhile engokuthagethwa kwezibonelelo zokufunda (oku kusenokwaziwa ngamagama ahluka-hlukeneyo kwamanye amaphondo ahluka-hlukeneyo)
Iindlela yokubala	Makurekhodwe bonke abafundi abangahlawuli fizi ngokung-qinelana noMgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgahlawulisi Fizi"
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Bonke abafundi abafanelekileyo mabaxhamle kuMgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgahlawulisi Fizi"
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	UMphathi woHlahlo Lwabiwo-mali (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM211: Inani lootitshala abaqeqeshwe kwikhontenti yoLwazi lokuFunda nokuBhala nakwimethodoloji
Inkcazo emfutshane	Uqeqesho nophuhliso lootitshala yenye yezinto eziphambili ngokokubaluleka kwimfundo yaseMzantsi Afrika ekhokelwa nekwaxhaswa nguMgaqo-sikhokelo wezoCwangciso ngoBuchule weMfundo noPhuhliso looTitshala (<i>Strategic Planning Framework for Teachers Education and Development</i>). Ootitshala kulindeleke ukuba baphumelele izifundo ezinenjongo yokuphuhlisa ulwazi lwekhontenti lwabo kwaye baya kukhuthazwa ukuba babambisane ngamandla kubahlali abayinxalenye yabasebenzi abaqeqeshelwe umsebenzi ukufumana imfundo ekumgangatho ongcono.

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM211: Inani lootitshala abafumene uqeqesho kwikhontenti yezolwazi lokuFunda nokuBhala/yoLwimi nemethodoloji
Injongo/ukubaluleka	lithagezethi ezingophuhliso lootitshala zibandakanya: ukuthi gqolo ufumana amanani anyukayo ootitshala abaselula abasandula ukuphumelela amabanga emfundo abo; ukuzalisa izithuba ezingenabantu; ukufumana inani elifanelekileyo leeyure ootitshala abalichitha kwimisebenzi yezophuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi; ukunciphisa ukungayi kootitshala ezikolweni kwanokuqinisekisa ukufundiswa ngokupheleleyo kwekharithulam.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	Uxwebhu i- <i>Strategic Planning Framework for Teachers Education and Development</i>
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	KwezoPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi okanye kwelinye iziko ledatha lephondo)
Iindlela zokungqinisisa	Iirejista zootitshala abafumene uqeqesho kwiphondo
Iindlela yokubala	Makurekhodwe itotali yenani lootitshala abafumene uqeqesho oluqingqiweyo kwikhontenti nemethodoloji yezolwazi lokuFunda nokuBhala/yoLwimi
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenekayo omakwenziwe	Bonke ootitshala abakuzo zonke izigaba, ngokukodwa abo bakwiSigaba seSiseko nakwesiPhakathi mabafumane ukuqeqeshwa kwikhontenti nemethodoloji yezolwazi lokuFunda nokuBhala/yoLwimi
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	KumaSebe aMakhulu ezeKharithulam nozoLawulo lweMicimbi yaBasebenzi (<i>Curriculum and Human Resource Management Branches</i>) (amaphondo angafaka umPhathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM212: Inani lootitshala abafumene uqeqesho kwikhontenti nemethodoloji yezolwazi lokuBala/lweMathematika
Inkcazo emfutshane	Uqeqesho nophuhliso lootitshala yenye yezinto eziphambili ngokokubaluleka kwimfundo yaseMzantsi Afrika ekhokelwa nekwaxhaswa nguMgaqo-sikhokelo wezoCwangciso ngoBuchule weMfundo noPhuhliso lootitshala (<i>Strategic Planning Framework for Teachers Education and Development</i>). Ootitshala kulindeleke ukuba baphumelele izifundo ezinenjongo yokuphuhlisa ulwazi lwekhontenti lwabo kwaye baya kukhuthazwa ukuba babambisane ngamandla kubahlali abayinxalenye yabasebenzi abaqeqeshelwe umsebenzi ukufumana imfundo ekumgangatho obhetele.
Injongo/ukubaluleka	lithagezethi ezingophuhliso lootitshala zibandakanya: ukuthi gqolo ufumana amanani anyukayo ootitshala abaselula abasandula ukuphumelela amabanga emfundo abo; ukuzalisa izithuba ezingenabantu; ukufumana inani elifanelekileyo leeyure ootitshala abalichitha kwimisebenzi yezophuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi; ukunciphisa ukungayi kootitshala ezikolweni kwanokuqinisekisa ukufundiswa ngokupheleleyo kwekharithulam.
Umgqaqo-nkqubo onxibelelene noku-	Uxwebhu i- <i>Strategic Planning Framework for Teachers Education and Development</i>
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	EzingoPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi okanye elinye iziko ledatha yephondo
Iindlela zokungqinisisa	Iirejista zootitshala abafumene uqeqesho kwiphondo
Iindlela yokubala	Makurekhodwe itotali yenani lootitshala abafumene uqeqesho oluqingqiweyo kwikhontenti nemethodoloji yezolwazi lokuFunda nokuBhala/yoLwimi
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho

B. IPROGRAM 2: IMFUNDO YESIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM212: Inani lootiishala abafumene uqeqesho kwikhontenti nakwimethodoloji yezoLwazi lokuBala/yeMathemati
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Bonke ootiishala abakuzo zonke izigaba mabafumane uqeqesho kwikhontenti nakwimethodoloji yezoLwazi/yeMathematika
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	AmaSebe aMakhulu ezeKharityhulam nezolawulo lweMicimbi yaBasebenzi (<i>Curriculum and Human Resource Management Branches</i> (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)

C. IPROGRAM 3 : IINKXASO-MALI ZEZIKOLO EZIZIMELEYO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo ezibhalisiweyo ezizimeleyo
Inkcazo emfutshane	IZikolo eziZimeleyo: zizikolo ezibhaliswe okanye ezithathwa njengezizimeleyo ngokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (<i>South African Schools Act (SASA)</i>). Iimali zihlawulwa ngoomatshini kwizikolo ezibhalisiweyo ezizimeleyo ezaye zafaka isicelo zaza zakufanela ukufumana iinkxaso-mali zabafundi kwizikolo zabo.
Injongo/ukubaluleka	Ukuphucula ukufikelela kwimfundo okuphuculiweyo
Umgaqo-nkqubo onxulumene noku-	Ukuhambelana mbo nemimiselo nemigangatho yokuxhaswa ngemali kwezikolo ezizimeleyo
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha yeMimiselo nemigangatho yokuXhasa izikolo ngemali
Iindlela zokungqinisisa	Amaxwebhu angokuhlulwa ngoomatshini kohlahlo lwabiwo-mali (la maxwebhu adwelisa izikolo, inani labafundi kwanolwabiwo lohlahlo lwabiwo-mali).
Iindlela yokubala	Bala itotali yenani labafundi abakwizikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Bonke abafundi abakwizikolo ezizimeleyo abakufaneleyo ukuxhaswa ngemali kwanokuba izikolo ezizimeleyo kufuneka zihambelane mbo nemigangatho esezantsi yokulawulwa kwezikolo ezizimeleyo.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo loLawulo lokuXhaswa nokuPhathwa kwaMaziko: izikolo eziZimeleyo okanye uMphathi weProgram yeZikolo eziZimeleyo
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM302: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezifumana iinkxaso-mali
Inkcazo emfutshane	Inani lezikolo ezizimeleyo ezifumana iinkxaso-mali njengetotali yenani lezikolo ezizimeleyo. IZikolo eziZimeleyo: zizikolo ezibhaliswe okanye ezithathwa njengezizimeleyo ngokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (<i>South African Schools Act (SASA)</i>). Iimali zihlawulwa ngoomatshini kwizikolo ezibhalisiweyo ezizimeleyo ezaye zafaka isicelo zaza zakufanela ukufumana iinkxaso-mali zabafundi kwizikolo zabo.
Injongo/ukubaluleka	Ukuphucula ukufikelela kwimfundo
Policy linked to	Ukuhambelana mbo nemimiselo nemigangatho yokuxhaswa ngemali kwezikolo ezizimeleyo
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Ukuhambelana mbo nemimiselo nemigangatho yokuxhaswa ngemali kwezikolo ezizimeleyo
Iindlela zokungqinisisa	Amaxwebhu angokuhlulwa ngoomatshini kohlahlo lwabiwo-mali (la maxwebhu adwelisa izikolo, inani labafundi kwanolwabiwo lohlahlo lwabiwo-mali).

C. IPROGRAM 3 : IINKXASO-MALI ZEZIKOLO EZIZIMELEYO	
Indlela yokubala	Yahlula-hlula itotali yenani lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezixhaswa ngemali ngetotali yenani lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo uze uliphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo ezizimeleyo ezikufaneleyo ukuxhaswa ngemali mazihambelane mbo nemigangatho esezantsi yokulawulwa kwezikolo ezizimeleyo.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo loLawulo lokuXhaswa nokuPhathwa kwaMaziko: izikolo ezizimeleyo okanye uMphathi weProgram yeZikolo ezizimeleyo
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM303: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezaye zatyelelwa ukuzibeka esweni nokuzinika inkxaso
Inkcazo emfutshane	Inani lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezaye zatyelelwa ngamagosa esebe lemfundo ngeenjongo zokubeka esweni nokunika inkxaso ochazwe njengepesenti yetotali yenani lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo. Olu tyelelo ezikolweni olwenziwa ngaBaphathi beeSekethe, nalo naliphi na igosa elisuka kwiSebe leMfundo ngeenjongo zokubeka esweni, ukunika inkxaso kwanokuqhagamshelana
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa ukubekwa esweni nokonganyelwa kwezikolo ezizimeleyo ngamasebe emfundo amaphondo.
Umgqaqo-nkqubo onxulumene noku-	I-SASA kunye neMTSF
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Amagosa esebe lemfundo ephondo, aBaphathi beeSekethe naBacebisi ngezeKharityhulam aye asayina iishedyuli zezikolo kunye neerekhodi zotyelelo lweendwendwe ezikolweni okanye ifom yokutyelwa ezikolweni.
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM303: Ipesenti yezikolo ezibhalisiweyo ezizimeleyo ezaye zatyelelwa ukwenzela ukuzibeka esweni nokuzinika inkxaso
Iindlela zokungqinisisa	Amasebe emfundo amaphondo anika iingxelo ngenani lezikolo ezizimeleyo ezaye zatyelelwa
Indlela yokubala	Yahlula-hlula itotali yenani lezikolo ezizimeleyo ezaye zatyelelwa ngamagosa esebe lemfundo ephondo ngeenjongo zokubeka esweni nokunika inkxaso ngetotali yenani lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo uze uliphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngekota
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo ezibhalisiweyo ezizimeleyo ziya kutyelelwa ngamasebe emfundo amaphondo ngeenjongo zokongamela, ukubeka esweni, ukunika inkxaso nokuqhagamshelana ubuncinane kube kanye ngonyaka.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo loLawulo lokuXhaswa nokuPhathwa kwaMaziko: izikolo ezizimeleyo okanye uMphathi weProgram yeZikolo ezizimeleyo

D. IPROGRAM 4 :IMFUNDO YEZIKOLO ZIKARHULUMENTE ENEEMFUNO EZIZODWA	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM401: Ipesenti yabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa abagcinwe beqhubeka ngokufunda ezikolweni bade boyokuba neminyaka yobudala eyi-16
Inkcazo emfutshane	NgokoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika, iMfundo eMzantsi Afrika inyanzelekile phakathi kweminyaka yobudala eyi-7 neyi-15, oku kubandakanya amaBakala 1 – 9 kwaye norhulumente unenjongo yokuqinisekisa ukuba akukho mntwana ulivinjwayo eli lungelo.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa ukufikelela kwimfundo yeemfuno ezizodwa kwabantwana kwanokugcinwa kwaba bafundi kwisistim yesikolo.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	UMgaqo osaXoxwayo i-White Paper 6
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha ye-EMIS kunye neSaveyi yeZikolo yaqho ngoNyaka yeZikolo zeMfundo eneemfuno eziZodwa
Iindlela zokungqinisisa	Isithembiso esisayinwe yiNqununu nomphathi weSithili (esekhompuyutheni okanye eliphepha)
Iindlela yokubala	Yahlula-hlula itotali yenani labafundi abaneminyaka yobudala eyi-7 – 16 abanokhubazeko kuluntu uze uphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswa (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Bonke abafundi abanokhubazelo abakwiminyaka yobudala enyanzelekileyo yokuhamba uhlobo oluthile lwemfundo yeziko.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	UMphathi weProgram yeMfundo eBandakanya bonke aBafundi (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM402: Ipesenti yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa njengamaziko ezibonelelo zeZinto zokuFunda (Resource Centres)
Inkcazo emfutshane	UMgaqo-nkqubo wezeMfundo osaXoxwayo i-Education White Paper 6 uthetha "ngokuphucuka okusemgangathweni kwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zabafundi ababafundisayo kunye nokutshintshwa ngokwezigaba ngezigaba zibe ngamaziko ezibonelelo zokufunda nokufundisa zemfundo eneemfuno ezizodwa ezaye zabonelela ngenkxaso eyodwa kwizikolo ezisebumelwaneni zaza zadityaniswa zayikomiti enika inkxaso kwizithili".
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa inkxaso enikwa ngamaziko ezibonelelo zokufunda nokufundisa zezikolo zeemfuno ezizodwa ezifundisa izikolo eziqhelekileyo kunye nezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo njengentsika ekusekeni isistim yemfundo ebandakanya bonke abafundi.
Umgqaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	Umgqaqo-nkqubo osaxoxwayo i-White Paper 6 and Guidelines to Ensure Quality Education and Support in Special Schools and Special Schools Resource Centres
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha yemfundo ebandakanya bonke abafundi
Iindlela zokungqinisisa	Uluhlu lweZikolo zeMfundo eneemfuno eziZodwa ezisebenza njengamaziko ezibonelelo zoncedo zokufunda nokufundisa
Iindlela yokubala	Yahlula-hlula inani lezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezisebenza njengamaziko ezibonelelo zoncedo zokufunda nokufundisa ngetotali yenani lezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa uze uziphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho

D. IPROGRAM 4 : IMFUNDO YEZIKOLO ZEMFUNDO ENEEMFUNO EZIZODWA ZIKARHULUMENTE	
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ziya kusebenza njengamaziko ezibonelelo zoncedo
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo leMfundo eBandakanya bonke aBafundi (amaphondo angafaka uMphathi ojongene neStokhwe ochaphazeleka kakhulu)
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM501: Inani lezikolo zikarrhulumente ezifundisa iBakala R
Inkcazo emfutshane	Itotali yenani lezikolo zikarrhulumente (eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa) ezifundisa iBakala R.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa ukwandiswa nokufundiswa kweBakala R kwizikolo zikarrhulumente.
Umgaqo-nkqubo unxityelelaniswe noku-	UMgaqo-nkqubo osaXoxwayo i-White Paper 5
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha ye-EMIS
Iindlela zokungqinisisa	Isithembiso esisayinwe yiNqununu kunye noMphathi weSithili (ekhompuyutheni okanye ephepheni)
Iindlela yokubala	Makurekhodwe inani lezikolo zikarrhulumente (eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa) ezifundisa iBakala R
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo zikarrhulumente ezineBakala 1 ziya kufundisa iBakala R.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo le-EMIS

E. IPROGRAM 5 : UPHUHLISO LWEMFUNDO YABANTWANA ABASAQALAYO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM502: Ipesenti yabafundi beBakala 1 abafumene imfundo emiselweyo yeBakala R
Inkcazo emfutshane	Inani labafundi beBakala 1 abafunde kwiBakala R elichazwe njengepesenti yetotali yenani labafundi ebhaliswe kwiBakala 1 okokuqala ngqa kungabandakanywanga abafundi abaphindayo.
Injongo/ukubaluleka	Esi salathi-nkqubela silinganisa ukulungela kwabafundi ukungena kwisitim yesikolo kunye nokuvavanywa kwabantwana kwifuthe leMfundo yoPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo.
Umgaqo-nkqubo unxityelelaniswa noku-	UMgaqo-nkqubo osaXoxwayo i-White Paper 5 kunye ne-MTSF
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha ye-EMIS
Iindlela zokungqinisisa	Isithembiso esisayinwe yiNqununu kunye noMphathi weSithili (ekhompuyutheni okanye ephepheni)
Iindlela yokubala	Yahlula-hlula inani labafundi elibhaliswe kwizikolo zikarrhulumente eziqhelekileyo kwiBakala R yitotali yenani labafundi ababhalise kwiBakala 1 okokuqala ngqa kungabandakanywanga bafundi abaphindayo uze uliphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (non-cumulative)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka

E. IPROGRAM 5 : UPHUHLISO LWEMFUNDO YABANTWANA ABASAQALAYO	
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Bonke abantwana abafanelekileyo ukuya kwiBakala R kunyaka ochaziweyo
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo le-EMIS
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM503: Ipesenti yeepraktishina ze-ECD ezinesiqinisekiso semfundo esingu-NQF level 4 nangaphezulu
Inkcazo emfutshane	Inani leepraktishina ze-ECD ezinesiqinisekiso semfundo esingu-NQF level 4 nangaphezulu abaqeshiweyo lichazwe njengetotali yenani leepraktishina ze-ECD eziqeshwe kwizikolo zikarhulumente. I-National Qualification Framework (NQF) level 4 iyalingana neyeepraktishina ze-ECD ezineSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) ubuncinane.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa imiba ethile esemgangathweni yokubonelela ngemfundo yophuhliso lwabantwana abaselula.
Umgqaqo-nkqubo onxityelelaniswe noku-	I-MTSF kunye neWhite Paper 5
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	UMphathi weProgram ye-ECD
Iindlela zokungqinisisa	Iziko ledatha yeepraktishina ye-ECD kunye namabanga emfundo abo
Iindlela yokubala	Yahlula-hlula inani leepraktishina ze-ECD ezinenqanaba 4 (iSatifikethi seNSC) nangaphezulu ngetotali yenani leepraktishina ze-ECD eziqeshwe kumaZiko e-ECD karhulumente uze uwaphinda-phinde ngo-100.
Okungenakwenziwa yidatha	Ezinye iipraktishina ze-ECD azikho kwisistim yePERSAL
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Ewe
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke iipraktishina ze-ECD ziya kuba neNQF level 4 nangaphezulu
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	UMphathi weProgram yeMfundo yaBantwana aBasaqalayo

F. IPROGRAM 6: UPHUHLISO LWEZISEKO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM601: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezibonelelwe ngamanzi
Inkcazo emfutshane	Itotali yenani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezibonelelwe ngamanzi. Oku kubandakanya iitanki zamanzi okanye imingxuma egrunjiweyo okanye amanzi etephu. Lo mlinganiselo usebenza kwizikolo ezikhoyo kwaye awuzibandakanyi izikolo ezitsha.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa isicwangciso sokubonelela ngokufikelela kumanzi kunyaka ochaphazelekayo
Umgqaqo-nkqubo onxityelelaniswe noku-	UkuBonelela ngeZiseko zoPhuhliso zeZikolo (<i>Schools Infrastructure Provision</i>)
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha ye-NEIMS/ yeziseko zophuhliso
Iindlela zokungqinisisa	Izatifikethi ezibubungqina bokupasa
Iindlela yokubala	Makurekhodwe zonke izikolo zikarhulumente ezingenako ukufikelela kumanzi abalekayo.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga (<i>non-cumulative</i>)
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenelekayo omakwenziwe	Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo mazibe nako ukufikelela kumanzi abalekayo
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo leZiseko zoPhuhliso lweZikolo/ iYunithi yoPhuhliso lweZiseko

F. IPROGRAM 6: UPHUHLISO LWEZISEKO	
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM602: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezibonelelwe ngombane
Inkcazo emfutshane	Itotali yenani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezibonelelwe ngombane. Lo mlinganiselo usebenza kwizikolo ezikhoyo kwaye awuzibandakanyi izikolo ezitsha. Inkcazo: Izikolo ezinombane zibhekisa kwizikolo ezinawo nawuphi na umthombo wombane kubandakanywa i- <i>Eskom Grid</i> , iiphaneli zesolar kunye neejenereyitha.
Injongo/ukubaluleka	Ukulinganisa ukufikelela kumbane
Umgqaqo-nkqubo onxityelelaniswe noku-	UkuBonelelwa ngeZiseko zoPhuhliso zeZikolo
Umthombo/ukuqokelelwa kwedatha	Iziko ledatha ye-NEIMS/yeziseko zophuhliso
Iindlela zokungqinisisa	Isatifikethi esibubungqina bokuphumelela
Iindlela yokubala	Makurekhodwe zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezaye zabonelelwa ngombane.
Okungenakwenziwa yidatha	Akukho
Uhlobo lwesalathi-nkqubela	Isiphumo
Uhlobo lokubala	Makubalwe nganye nganye kungadityaniswanga
Umjikelo wengxelo	Qho ngonyaka
Isalathi-nkqubela esitsha	Hayi
Okunqwenekayo omakwenziwe	Zonke izikolo zikarhulumente kufuneka zibe nokufikelela kumbane.
Ojongene nomsebenzi wesalathi-nkqubela	ICandelo loPhuhliso lweZiseko zeZikolo / iYunithi yoPhuhliso lweZiseko
Isihloko sesalathi-nkqubela	PPM603: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezaye zabonelelwa ngeefasilithi zococeko
